

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty, uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

*Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.*

*Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.*

*Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.*

*Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.*

*Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.*

# UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

## Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



## Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



## Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



## Usapho



Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele nentembeko kusapho lwakowenu.

## Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.



## Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.



## Inkululeko nokhuseleko



Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubavuyelele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Iingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.

## Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.




## Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



## Ukhuseleko



Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya lakho kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.

## Ubummi




Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.

## Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.




Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education



Tenth edition 2020

ISBN 978-1-920458-40-9



**This book may not be sold.**

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

# IZIKHOKELO ZOKUSEBENZISA LE NCWADI YOKUSEBENZELA

Le ncwadi yisebenzise kunye namanye amancedo/nabanye oovimba. Funda uxwebhu lweCAPS lwesigaba esiphakathi solwimi lwasekhaya.

Siyanamkela kule Ncwadi yokusebenzela yoLwimi lwasekhaya yesigaba esiphakathi. Umgangatho woLwimi lwasekhaya lwesigaba esiphakathi ujolise ekuphuhliseni izakhono zolwimi zabafundi ukuze bakwazi ukunxibelelana kwiimeko zentlalo, kananjalo nasekuphuhliseni izakhono zengqiqo zokufunda ezingundoqo ekufundeni kwikharityhulam yonke. Sinethemba lokuba uya kufumana iluncedo le ncwadi ekuncedeni abafundi baphucule izakhono zabo.

Le Ncwadi yokusebenzela ilungelelaniswe nemijikelo yeeveki ezimbini zikaCAPS. Isishwankathelo sokuya kufundiswa kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini ufumaneka kumaphepha 1, 35, 69 nakwele-103 kule ncwadi yokusebenzela. Umjikelo ngamnye weeveki ezi-2 uqulethe izakhono ezine zolwimi:




**1 Ukuphulaphula nokuthetha (Ezomlomo) – Iiyure ezimbini kumjikelo weeveki ezi-2**

Kufuneka abafundi bafumane rhoqo amathuba okuphuhlisa izakhono zabo zokuphulaphula nokuthetha ukuze bakwazi ukuqokelela ulwazi, ukusombulula iingxaki nokuvakalisa izimvo zabo. Ezi ncwadi zinemisebenzi eliqela yokuthetha nokuphulaphula onokuyongeza ukuze uqinisekise ukuba banamathuba okuziqhelisa ukuthetha.




**2 Ukufunda nokubukela – iiyure ezi-5 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS igunyazisa ukuba abafundi bafunde kwaye babone izicatshulwa nokunye okubhaliweyo kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Oku kuquka ukufunda: amabali amafutshane, iintsomi, amabali angamava abantu, iileta, ii-imeyile, ukubhala kwiidayari, amanqaku eemagazini, udliwano-ndlebe lukanomathotholo/lwerediyo, imibongo, izicatshulwa ezithundezayo, izibhengezo/iintengiso, imiyalelo, iinkqubo neendlela zokwenza. Ukongeza, iCAPS ikwafuna ukuba abafundi bafunde izicatshulwa zolwazi ezinemifanekiso: iimephu, iitshathi, iitheyibhile, imizobo, izazobe zokucinga, iitshathi zemozulu, iipowusta, izaziso, imifanekiso kunye neegrafu. Uya kufumana iqela lezi ntlobo zezicatshulwa kule ncwadi yokusebenzela.

ICAPS ikwachaza nenkqubo yokufunda ebandakanya amanqanaba okufunda - phambi kokufunda, ukufunda, emva kokufunda.





**3 Ukubhala nokunikezela – Iiyure ezi-4 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS ifuna abafundi banikwe rhoqo amathuba okuziqhelisa ukubhala kwiimeko ezahlukeneyo. Ezi Ncwadi zokusebenzela zinika izakhelo eziliqela zokubhala eziza kuba luncedo kubafundi ekucwangciseni nasekuboniseni izicatshulwa zabo ezibhalwayo, ezibonwayo nezinye iindlela zosasazo.




**4 Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi – Iyure e-1 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS inika uluhlu lwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi ekufanelwe ukuba zenziwe kwibanga ngalinye.
Le Ncwadi iquka imisebenzi ethile kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2.
Le misebenzi idla ngokuba nenqaku elichaza imigaqo yokusetyenziswa kolwimi.




Ukuze ufumane isikhokelo ngokubanzi, funda incwadana yoqeqesho yale Ncwadi yokusebenzela.

XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 2 2019/10/21 10:53:51

# Iziqulatho



## Umxholo 1: Amabali nemibongo

### Amabali
### Ikota yoku 1: Iiveki 1 – 2


**1 Ukudlala umdlalo** 2

Phambi kokufunda ukuqikelela malunga nebali.
Ukufunda ibali.
Ingxoxo ngabalinganiswa, isimo sentlalo nesakhiwo sebali.
Ingxoxo ngoqikelelo malunga nokuba liya kuphela njani ibali.
Ukubhala isiphelo sebali.

**2 Ukucinga ngebali** 4

Isigama: Ukutshatisa amagama neentsingiselo.
Ingxoxo ngabalinganiswa, isimo sentlalo nesakhiwo sebali.
Ukushwankathela ukulandelelana kweziganeko zebali.

**3 Kwenzeke ntoni emva koko** 6

Ukufunda isiphelo sebali.
Ukubalisa kwakhona okwenzeke ebalini.
Ukuphawula ngamanani izivakalisi zebali ngokulandelelana kwazo.
Intshayelelo yezibizo.
Ukuchonga izibizo ebalini.
Ukuqwalaselwa kwenkqubo yokubhala.

**4 Ukubhala ibali** 8

Ukulandela amanyathelo enkqubo yokubhalwa kwebali.
Ukucwangcisa ibali usebenzise isazobe sokucinga.
Ukubhala ibali usebenzisa isakhelo.
Ukuthumela iSMS, usebenzisa izivakalisi ezilula.
Ukubhala amagama amatsha neentsingiselo kwisichazi-magama.

**5 Iindidi ezahlukeneyo zezibizo** 10

Ukuxela izibizo ezingamagama ezinto namagama abantu naweendawo.
Ukusebenzisa izibizo ezingamagama abantu naweendawo kwizivakalisi.
Izibizo ezibalwayo nezingabalwayo.
Ukuxela ukuba ingaba izibizo ziyabaleka okanye azibaleki na.

**6 UJabu uqhuqha amaqanda** 12

Phambi kokufunda ukuqikelela ukuba liza kuba malunga nantoni ibali usebenzisa oonotsheluza.
Ingxoxo ngebali – abalinganiswa nesakhiwo.
Ukusebenzisa ikhathuni namaqamza entetho wakhe ibali.
Ukwenza isicwangciso sebali.
Ukubhala ibali elisekelwe kwimifanekiso nakwisicatshulwa.
Ukubhala amagama amatsha neentsingiselo kwisichazi magama sakhe.

**7 Lusixelela ntoni uqweqwe lwencwadi?** 14

Ukusebenzisa ibali langaphambili njengesiseko sophengululo lwencwadi.
Ukucaphula ulwazi/iinkcukacha ebalini nakuqweqwe lwencwadi, ukushwankathela isakhiwo/ibali, nokubunjwa kwabalinganiswa. Ukuxela izinto ezilindelekileyo eqweqweni.
Ukushwankathela ibali ngokomlinganiswa ophambili kwidayari usebenzisa ixesha elidlulileyo.
Ukutshatisa izichazi nezibizo, izichasi nezibizo zoquko.

**8 Bhala kakuhle** 16

Ukucwangcisa nokubhala ibali lakho.
Ukujolisa kwisivakalisi esiyintloko nakwimihlathi.
Amaphepha emibongo iKota -1 iveki 3-4.


### Amaphepha emibongo
### Ikota yoku-1: Iiveki 3 – 4


**9 Iphepha lemibongo** 18

Ukufunda imibongo emibini ngokuvakalayo.
Ukujolisa kwizigaba zentetho: izifanokisozwi, izifanadumo, isingqi nemvanosiphelo.
Ukuphendula imibuzo yokuqonda engombongo.
Ukuphawula amagama anemvano-siphelo kunye nezinye iimpawu zemibongo.

**10 Ukubhala umbongo wakho** 20

Ukufakela amagama anemvanosiphelo ugqibezele umbongo.
Ukubhala umbongo onemigca emibini enemvanosiphelo.
Intshayelelo yezibizo ezingaphathekiyo
Fakela izibizo ezingaphathekiyo ezichanekileyo kwizivakalisi.

**11 Ileta yezibizo** 22

Ukufakela izibizo ezahlukeneyo eleteni wakhe intsingiselo.
Ukubhala kwidayari usebenzise izibizo ezingaphathekiyo.
Ukushwankathela okubhalwe kwidayari usebenzise isivakalisi esilula kwiSMS.
Ukuzalisa ifomu yeenkcukacha zakho ngokwezibizo ezalatha amagama abantu, eendawo nezinto.
Ukuchonga uze usebenzise izibizo ezalatha amagama abantu, eendawo nezinto kwizivakalisi.
Ukuhlela izibizo ezalatha amagama abantu, awendawo okanye awexesha (iintsuku okanye iinyanga).

**12 Uhambo lwesikolo lwabathandi-zinambuzane** 24

Ukufunda isimemo sokhenketho lwesikolo
Ukuchonga izibizo.
Ukuphendula imibuzo yokuqonda.
Ukufunda umbongo uze uphawule amagama anemvano-siphelo. Ukuzoba umfanekiso osekelwe kumbongo.

**13 Bhabhathane ubukade uphi?** 26

Ukufunda imibongo yeemilo.
Ukufakela iziphumlisi kwizivakalisi.

**14 Sihlanganisa izibizo** 28

Ukwahlula izibizo ezimbaxa zibe zizibizo ezilula.
Ukuphulaphula amagama anezandi – izifanekisozwi.
Ukuchonga izibizo ezingaphathekiyo.

**15 Ukucula ingoma** 30

Ukufunda umbongo.
Ukufakela iziphumlisi kwizivakalisi.
Izinto ezinokukhunjulwa malunga nezibizo ezingabalekiyo.

**16 Masibhale incwadi** 32

Isicwangciso sokubhala incwadi yamabali.
Ukubhala nokunikezela incwadi yamabali esikwayo.








XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 1 2019/10/21 10:53:53

# Ukudlala umdlalo





**Masithethe**

Qwalasela emfanekisweni uze uchaze ukuba eli bali limalunga nantoni na. Ucinga ukuba libali eliyinyaniso? Ucinga ukuba badala kangakanani abantwana abakweli bali?

**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze uqonde oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.

**Masifunde**

Kwakuyimini epholileyo kweyoMqungu, mhla iqela lebhola ekhatywayo labangaphantsi kweminyaka eli-11 lisehla ebhasini, ingunkxwe ingulowo eththela phezulu. Babesiya kudlala umdlalo wabo wokugqibela welo xesha. Ngexa benqumla ibala ukuya ngasesitediyam, babeziva iivuvuzela kungunkxwe-nkxwe abantwana bekhwaza.

Wonke umntu wayonwabile malunga nomdlalo wokugqibela ophakathi kwesikolo iNew Town nesamabanga aphantsi iSea View Primary School.

UAnna noMandu yayingamantombazana ekuphela kwawo kwiqela laseNew Town. Babenethemba lokuba baya kudlala kakuhle baze basithwaxe isikolo iSea View Primary.

UAnna onguKapteyini, unqumle ebaleni, ezibona ngathi sele eyifumene indebe (itrofi) yeqela lakhe. Ube nombono wayo ikhazimla elangeni. UAnna wayenenkathalo kakhulu. Wayeququzelele ikonsathi yesikolo ngenjongo yokwenza imali ukuze athengele abo bangakwaziyo ukuzithengela iibhutsi zesoka ezizezabo kwiqela lakhe. Namhlanje wayekulungele ukukhokelela iqela lakhe empumelelweni!

UMandu oneminyaka elishumi elinanye wayengomnye wabo babenemincili. Wayezibona efaka inqaku lempumelelo ngeebhutsi zakhe ezintsha zesoka ezimthubi. Ngephanyazo, watsho ngesikrakra isikhalo etshona emngxunyeni.



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 2 2019/10/21 10:53:55



"Ndincedeni!", wakhala esitsho. UAnna, uPeter noJabu bajika bebaleka ukuya kumnceda. "Yhooo!" wakhala esitsho ngexa etsiba ngomlenze omnye. "Andikwazi ukuma ngonyawo lwam!" Wahlala phantsi engceni. "Ndiyathemba ukuba andophukanga eqatheni", utshilo enyembezana.

UAnna wacinga ngokwenzakala kukaMandu nokuba oko akusayi kumchaphazela na. "Ukuba uMandu akanako ukudlala, oko kuthetha ukuba andisayi kudlala. Kuya kufuneka ndimse eklinikhi".

UAnna waphefumlela phezulu.

"Ungakhathazeki Mandu", utshilo. "Ndiza kusa kwagqirha".

"Hayi, Anna, hayi! Akunakuyenza loo nto. Ndiza kulinda apha de kuphele umdlalo".

"Akunakuhlala apha wedwa Mandu", uphendule njalo u-Anna.

UAnna ubuyele kwiqela lakhe ezibambe ngeenkophe iinyembezi zakhe. Uthe "Hambani niyokudlala, niqinisekise ukuba niyaphumelela!"

**Masibhale**

Thetha neqabane lakho malunga nokuba ucinga ukuba ibali liya kuphela njani na. Bhala isiphelo sebali esinamagama angama-40–50. Ingaba uAnna uza kudlala okanye uza kunceda uMandu?



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 3 2019/10/21 10:53:56


# Ukucinga ngebali





## Masithethe

Abalinganiswa ebalini sibazi ngezenzo zabo, ngeengcinga zabo neentetho zabo. Thetha malunga nesimo sika-Anna. Thetha malunga nakwenzileyo, akucingileyo nezenzo zakhe.



Krwela umgca utshatise igama elisekhohlo kunye nentsingiselo yalo esekunene.

## Sisebenza ngamagama

| | |
|---|---|
| ngephanyazo | ukubengezela |
| ukukhazimla | ukugxwala |
| ukukhala | ngesiquphe |
| ukonwaba | ngamandla |
| kakhulu | ukuchwayita |





## Masibhale

Funda ibali elimalunga noMandu no-Anna uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

| Ngoobani abalinganiswa ababini abaphambili kweli bali. |
|---|
| |

Ngoku biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

| Sazi njani ukuba uMandu wayephakuzela? | |
|---|---|
| 1 | Akawubonanga umngxuma engceni. |
| 2 | Uzibone ngathi ukhaba inqaku eliwinayo. |
| 3 | Ebefuna kakhulu ukudlala. |
| 4 | Ebengakwazanga kulala kubusuku obudlulileyo. |

| Sazi njani ukuba abadlali babonwabe kakhulu? | |
|---|---|
| 1 | Babenqwenela ukuphumelela. |
| 2 | Beva iivuvuzela. |
| 3 | Baphuma ebhasini bedloba bethethela phezulu. |
| 4 | Abamncedanga uMandu. |






XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 4 2019/10/21 10:53:59

# Kwenzeke ntoni emva koko




Masifunde

Ngoku funda isiphelo sebali.
Ingaba ukhona eklasini yakho obelindele esi siphelo?



UAnna wamxhasa uMandu babuyela kunye ebhasini, baze bobabini baya eklinikhi. Ugqirha waluxilonga ngononophelo unyawo lukaMandu. Wenza iX-reyi, wayijonga waze wancuma. Wabaxelela ukuba unyawo lukaMandu luza kuphila. Walubopha waze waxelela uMandu ukuba uza kuyidlala isoka kwakhona xa eziva ebhetele.

"Ukuba niyathanda," watsho ugqirha, "Ndinganihambisa ngemoto ukuya esitediyam. Ndagqibela kudala ukubukela umdlalo webhola ekhatywayo".

Ugqirha onobubele wabasa esitediyam. Bafika kwisiqingatha somdlalo. Amanqaku ayelingana macala, ema-2 eNew Town, ema-2 naseSea View. Xa uqala kwakhona umdlalo, la mantombazana mabini angena ebaleni.

UAnna wafaka ngokukhawuleza inqaku lesithathu leqela laseNewtown, kwaze kwathi nje phambi kokuba ikhale impempe yokuphela komdlalo, uMandu wafaka elesine. Kwathi nkxwe kwabe kuvakala neevuvuzela ezaviwa nakwilali ekufutshane.

Uhlobo awayonwabe ngalo la mantombazana mabini xa iqela lawo lilanda ikhaka lesikolo sabo yayilolungathethekiyo.



**Phambi kokuba ufunde**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze uqonde oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.




Masibhale

Ngoku bhala izivakalisi ezithandathu usebenzisa ezinye zezibizo eziqhelekileyo ozifumeneyo.


Masithethe

Tshintshanani nomhlobo wakho nichaze okwenzekayo ebalini ukususela kwixesha apho iqela lebhola ekhatywayo lisehlika ebhasini de nifikelele kwisiphelo sebali apho iqela laseNew Town liphumelela umdlalo. Ungalibali ukuchaza ukuba amanqaku ebesithini na.


Masibhale

Faka iinombolo uqale ku-1 ukuya kwi-6 kwezi zivakalisi ubonise iindlela ezenzeke ngayo izinto kweli bali.

| | |
|---|---|
| | UMandu akawubonanga umngxuma osengceni waze watshona kuwo. |
| | UAnna uthathe uMandu wamsa kwagqirha. |
| | Ugqirha ubuyisele la mantombazana esitediyam. |
| | Abantwana bakhwele ebhasini besiya kwisitediyam sesoka. |
| | Banqumle ebaleni ukuya ngasesitediyam. |
| | Amalungu eqela ayevuya kakhulu xa ayelanda ikhaka labo. |


# Izibizo






Izibizo ngamagama ezinto ozibonayo nokwaziyo ukuziphatha.








| | |
|---|---|
| Ngoku bhala izibizo onokuzicinga. | |
| | |
| | |
| | |




Funa izibizo ezilishumi ebalini uze ukrwele umgca ngaphantsi.

## Indlela yokubhala isincoko

Xa ubhala isincoko, kufuneka ulandele amanyathelo amahlanu.

1. Cwangcisa isincoko sakho usebenzisa isazobe sokucinga.
2. Bhala uyilo lokuqala lwebali lakho.
3. Lungisa indlela yakho yokupela neziphumlisi.
4. Lungisa iimpazamo ebalini lakho.
5. Fundisisa ulungise ibali lakho.
6. Libhale ngokucocekileyo encwadini yakho.





UTITSHALA: Sayina ________ Umhla ________



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 7 2019/10/21 10:54:18

# Iindidi ezahlukeneyo zezibizo

## Izibizo ezingamagama

Ezi zibizo ngamagama abantu, iindawo, iinyanga neentsuku. Ziqala ngonobumba omkhulu ngalo lonke ixesha.










**Masibhale** Bhala phantsi izibizo ezingamagama abantu kunye neendawo.

| | |
|---|---|
| Abantu | |
| | |
| Iindawo | |
| | |

Biyela ngesangqa amagama azizibizo nekufuneka aqale ngonobumba omkhulu.

intyatyambo, inyanga, umary, ngomvulo, isitulo, ann, ibhasi, ethekwini, eyekhala, mandu, polokwane, ibhola ekhatywayo, intaba yetafile, new town, isikolo, smith, zuma, ibhanana, limpopo, jabu, honda



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 10 2019/10/21 10:54:50



Masibhale

Bhala izivakalisi ezine usebenzise izibizo ezingamagama.



Zintoni izibizo ezibalekayo? Ngamagama ezinto esinokuzibala, ezinjengezilwanyana kunye nabantu. Sisebenzisa amagama anjengala: zininzi okanye zimbalwa kwizibizo ezibalekayo.

Zintoni izibizo ezingabalekiyo? Izibizo ezingabalekiyo ngamagama ezinto ezingenakubalwa njengesanti, amanzi netyuwa. Sisebenzisa amagama afana nala: ininzi okanye incinci kwizibizo ezingabalekiyo.





Masithethe

Buza umhlobo wakho ngezinto eziseklasini okanye ekhaya. Buza imibuzo eqala ngokuthi:

Zingaphi ______________? Zingakanani ______________?



Masibhale

Krwela umgca phantsi kwezibizo eziqhelekileyo kwisivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo. Gqiba ekubeni zizibizo ezibalekayo okanye ezingabalekiyo uze ufake uphawu kwibhokisi echanekileyo. Biyela ngesangqa izibizo ezalatha amagama abantu, izinto kunye neendawo.

| | | Ezibalekayo | Ezingabalekiyo |
|---|---|---|---|
| 1 | Ndilambile kodwa akukho kutya okuninzi okushiyekileyo. | | |
| 2 | Unodoli wam udlala uMolly. | | |
| 3 | Isanti edlala uJabu ininzi. | | |
| 4 | UDan uyamthanda udade wabo. | | |
| 5 | UMark uthanda isonka. | | |
| 6 | IGauteng inendawo ezininzi ezinika umdla. | | |
| 7 | Abantwana abaseklasini yam bayayithanda imidlalo. | | |
| 8 | Iminqwazi yam imbalwa. | | |
| 9 | UDineo akufunekanga atye iswekile eninzi kakhulu. | | |
| 10 | UThuli kufuneka asele amanzi amaninzi. | | |

UTITSHALA: Sayina ______________ Umhla ______________



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 11 2019/10/21 10:54:53

# UJabu uqhuqha amaqanda



Jonga emifanekisweni uze uthelekelele ukuba kwenzeka ntoni. Balisela umhlobo wakho ibali, nitshintshiselane. Zoba iqamza le ntetho kumfanekiso wokugqibela uze uligcwalise ubonise okucingwa nguJabu.

Masithethe

1



2





Masibhale

Ngoku gqibezela ibali kwiindawo ezifanelekileyo kwisazobe sokucinga.

- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana soyilo lokuqala
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

**1** Ekuqaleni

______________________
______________________
______________________
______________________
______________________
______________________




Isihloko sebali lakho

______________________
______________________
______________________

**2** Kwenzeka ntoni emva koko

______________________
______________________
______________________



**3** Chaza okwenzeke kumfanekiso wesi-3

______________________
______________________
______________________



**4** Okokugqibela, chaza ukuba ibali liphele njani

______________________
______________________
______________________




XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 12 2019/10/21 10:55:03

# Into esiyixelelwa luqweqwe lwencwadi



**Masithethe**

Thetha nomhlobo wakho malunga nesikuxelelwa ngumphandle wale ncwadi.




**Masibhale**

Ngoku bhala irivyu yale ncwadi.

| | |
|---|---|
| Igama lencwadi | |
| Umbhali | |
| Abalinganiswa abaphambili. | |
| Umpapashi | |
| Kwenzeka ntoni ebalini? | |
| | |
| | |
| | |
| Bhala izivakalisi ezibini ezisixelela ukuba zikhona ezinye iincwadi ezibhalwe ngoJabu. | |
| | |
| | |
| | |
| | |



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 14 2019/10/21 10:55:10

Umhla:



Masibhale

Zibone ngathi unguJabu. Bhala kwidayari isishwankathelo esimalunga namagama angama-40 ngokwenzeke ngolwaa suku.



Dayari ethandekayo Umhla: ____________

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________



Masibhale

isibizo ligama lomntu, lento nelendawo.

Nika isinye nesininzi zezibizo ezilandelayo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **Isinye** | intombazana | inkomo | inkwenkwe |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **Isininzi** | iintyantyambo | amanzi | izakhiwo |

Izichasi ngamagama anentsingiselo echaseneyo, umz. hle - bi

Ngoku tshatisa la magama nezichasi zawo kumgca ongezantsi.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| -de | -bhityileyo | kancinci | -hle | -ninzi | khaphukhaphu |


| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| kakhulu | -mbalwa | -futshane | -tyebileyo | -nzima | -bi |



Masithethe

Landela umgca osuka emfanekisweni usiya kwisibizo soquko esichanekileyo.

Izibizo zoquko ngamagama eqela labantu okanye izinto, umz. isihloko seediliya













| umhlambi | iqela | imfumba | isihlwele | ibubu | isipha |
|---|---|---|---|---|---|

UTITSHALA: Sayina ____________ Umhla ____________



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 15 2019/10/21 10:55:20

# Bhala kakuhle






Jonga isihloko sebali embindini wesazobe sokucinga. Gcwalisa ezinye iinkcukacha ngesihloko ngasinye kwibhokisi nganye yesazobe sokucinga.

Kweli phepha lomsebenzi, sijonga indlela yokubhala imihlathi. Onke amabali anemihlathi kwaye umhlathi ngamnye ujongana nesihloko esinye. Ngokuqhelekileyo, isivakalisi sokuqala sisivakalisi esiyintloko. Sikuxelela ukuba umhlathi uwonke uya kuba malunga nantoni.

## KONKE MALUNGA NAM

**Umhlathi 1**

Igama lam ndingu

______________________________.

Ndineminyaka e ________ ubudala.

Ndihlala e ______________________.

**Umhlathi 2**

Kusapho lwam kukho abantu aba

_________________.

Ndihlala no ____________________.

Ndinesilo-qabane ____________.

**Umhlathi 3**

Ndifunda kwisikolo i-_____________.

Ndikwibanga le _________________.

Isifundo endisithanda kakhulu yi

______________________________.

**Umhlathi 4**

Ukuphuma kwesikolo ndithanda

uku __________________________.

Abahlobo bam ngu ______________.

Ebusuku phambi kokuba ndilale

ndi ____________________.




XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 16 2019/10/21 10:55:33

# Iphepha lemibongo








Funda umbongo ngokuvakalayo. Ngoku ufundayo, phula phula isingqi okanye isingqisho sawo, kwakunye nepateni yamagama anemvano-siphelo. Mamela amagama avakala njengengxolo yesilwanyana.











## IZIKHALO ZEZILWANYANA

Ikati ithi nyawuu, ingonyama
iyagquma, isikhova siyahuhuza,
iibhere ziyarhona. Iinyenzane
ziyakrikriza, iimpuku ziyatswina,
iigusha zithi mhee, kodwa mna
NDIYATHETHA!

Iinkawu ziyangxola, iinkomo
zithi mhuu, amadada athi kwaak,
amahobe ayangqukruleka.

Iihagu ziyakrokra, amahashe ayanxakama,
iinkukhu ziyakokoza, kodwa NDIYATHETHA!

Iimpukane ziyadumzela, izinja
ziyavungama, amalulwane
ayatswina,
iingcuka ziyabhomboloza.

Amasele ayaxoxa,
izikhwenene ziyakhala,
iinyosi ziyabhuza, kodwa
NDIYATHETHA.

A Shapiro (iguqulwe)














Kwizibongo, amagama asetyenziswa ikakhulu kwiziphumo zezandi zawo. Kukho igama elilodwa elithetha oku – kuthiwa sisifanadumo.




Faka amagama ezilwanyana ezithandathu ezichazwe kumbongo uze uthi ezantsi kwaso ngasinye ufake isandi esenzayo.

| | | |
|---|---|---|
| ikati | | |
| ithi nyawu | | |
| | | |
| | | |

Ngoku fakela amagama owathatha kumbongo anemvano-siphelo nala magama.

| | | |
|---|---|---|
| nxakama | ziyakokoza | mhuu |
| vungama | | |
| thetha | ziyadumzela | ayaxokozela |
| | | |



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 18 2019/10/21 10:55:47







Masifunde


Ngoku funda umbongo olandelayo ngokuvakalayo uze ukrwele umgca phantsi kwamagama anemvano-siphelo ngemibala eyohlukeneyo. Krwela umgca phantsi kwazo zonke izenzi ezisixelela ukuba ufudo lwenze ntoni. Phendula imibuzo.



## UFUDWANA OLUNCINCI









Kwakukho ufudwana oluncinci,
Luhlala ebhokisini.
Ludade eludakeni,
Lakhwela ematyeni.
Luxhakamfule ingcongconi,
Luxhakamfule intakumba.
Luxhakamfule ibhabhathane,
Lwaze lwaxhakamfula mna.
Lubambe ingcongconi,
Lubambe intakumba.
Lubambe ibhabhathane,
Kodwa alundibambanga mna.

C Lindsay (iguqulwe)



Masibhale



| |
|---|
| Beluhlala phi olu fudo? |
| |
| Ludade phi? |
| |
| Lukhwele entweni olu fudo? |
| |
| Luxhakamfule ntoni ufudo? |
| |
| |
| Lubambe ntoni ufudo? |
| |

# 10 Bhala umbongo ongowakho

Masibhale

Gqibezela lo mbongo ngokufakela la magama anemvano-siphelo angekhoyo.

begcobile | emlanjeni | bepholile | entanjeni

## Kumnand' ukuloba

Ndibon' intlanzi ______________.

Ibotshelelwe ______________.

Abalobi, ______________.

Behleli ______________.

Kuba kaloku bazokoja .Eyona yakha yankulu intlanzi.



Masibhale

Bhala umbongo ongowakho. Zama ukusebenzisa amagama anemvano-siphelo ekupheleni kwayo yonke imigca enamanani angoonombini.

Itayitile yombongo ______________

1. ______________
2. ______________
3. ______________
4. ______________
5. ______________
6. ______________
7. ______________
8. ______________

# Izibizo ezingaphathekiyo





Fakela amagama ovakalelo olubonisswa bobu buso. Ezi zizibizo ezingaphathekiyo.

-yoyika | -nwabile | -nomsindo | -lusizi

**Jonga izibizo ezingaphathekiyo**

Isibizo esingaphathekiyo yinto ongakwaziyo ukuyibona, ukuyiva ngeendlebe, ukuyiva ngevumba, ukuyiphatha okanye ukuyingcamla.



| | | | |
|---|---|---|---|
| | | | |




Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela izibizo ezingaphathekiyo.

1. UMandu wayesiva __________ eqatheni lakhe elonzakeleyo.
2. Waziva eno __________ xa ecinga ukuba akasayi kudlala emdlalweni.
3. Waziva eno __________ akucinga ukuba uye wangajongisisi apho ahamba khona.
4. Saziva sino __________ sakumbona ehamba ebaleni.
5. UMandu uye wanesi __________ wafika wadlala akubuya kwagqirha.
6. Iqela laseSea View lahamba lino __________.

dano | msindo | isibindi | sizi | iintlungu | loyiko



# 11 Ileta yezibizo




Funda ileta uze ufakele izibizo ukuze ileta ibe nentsingiselo.

- Fakele izibizo **ezingamagama** eziqala ngoonobumba abakhulu kwimigca eluhlaza.
- Fakele izibizo **eziqhelekileyo** ezinamagama ezinto kwimigca ebomvu.
- Fakele izibizo **ezicatshulwayo** ezibonisa uvakalelo lwakho kwimigca **ezuba**.



24 Steve Biko Road
Sea View
0120
2 eyoMdumba 20____

______________ endimthandayo

Ndikubhalela ndisekwiholide yam. Ndize nodade wethu, u______________.

Kumnandi kakhulu e ______________.

Izolo siye e ______________ emva koko sadlala ______________.

Kamva, siye kwivenkile enkulu. Sithenge izinto ezityiwayo.

Besifuna ______________, ______________, ______________

ne ______________.

Izolo ebusuku sihambile sayokubukela ifilimu ethi, "Iidayinaso kwilizwe lethu".

Ndizive ______________ ngalo lonke ixesha ndibona idayinaso enkulu ene- ______________ enkulu. Sikhale kakhulu!

Emva koko andikwazanga kulala. Bendizaliswe ______________ futhi ndaphupha kakubi.

Siyabuya kule mpela-veki ilandelayo. Sendikhumbula kakhulu ukubuyela esikolweni.


Nisale kamnandi.

______________




Masicinge ngoku malunga nencwadi oyonwabeleyo.
Balisa kwakhona ibali malunga nezivakalisi ezi-3 – 4.

Ngoku bhalela umhlobo wakho i-SMS umxelele ukuba ibali likwenze waziva njani.








XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 22 2019/10/21 10:56:02

Umhla:

# izibizo ezalatha amagama abantu, eendawo nezinto







Masibhale

Gcwalisa eli khadi elimalunga nawe. Zonke iimpendulo zizibizo ezingamagama, ngoko ke kufuneka zonke ziqale ngonobumba omkhulu.

## Konke malunga nam



| | |
|---|---|
| Ungubani igama lakho? | |
| Wazalelwa phi? | |
| Ukweyiphi inyanga umhla wokuzalwa kwakho? | |
| Lithini igama lesikolo sakho? | |
| Uhlala kweliphi iphondo? | |
| Ngubani igama lomnye wabahlobo bakho? | |
| Ngubani igama likatitshala wakho? | |
| Lithini igama leyona ncwadi oyithandayo? | |
| Yeyiphi eyona nkqubo kamabonakude oyithandayo? | |
| Ungathanda ukutyelela eliphi ilizwe? | |



Masibhale

Ngoku biyela ngesangqa izibizo ezalatha amagama abantu, iindawo nezinto kolu luhlu lungezantsi. Iya kuba ngamagama abantu, iindawo, iintsuku okanye iinyanga.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| IGoli | Veronica | Mandu | Lusikisiki | Utatomkhulu |
| uMvulo | Isitulo | Incwadi | Ethekwini | Mandla |
| IKapa | Intyatyambo | Ubhishophu | Idyasi | Dan |
| Anna | Ikeyiki | Polokwane | Ibhayisekile | Usiba |
| Iibhutsi | Inkomo | Inkabi | Ingwe | Isihlangu |
| uLwesine | Eyedwarha | Eyekhala | Intaka | Indlwana |

Bhala izibizo ezikolu luhlu lungasentla kwiikholam ezichanekileyo apha ngezantsi.
Bhala izibizo eziqhelekileyo kwiikholam ezimbini zokugqibela.

| Izibizo ezingamagama | | | Izibizo eziqhelekileyo | |
|---|---|---|---|---|
| Umntu | Indawo | Ixesha | Into | Into |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |

UTHISHA: Ukusayina ______ Usuku ______



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 23
2019/10/21 10:56:04

# 12 Uhambo lwesikolo lwabathandi-zinambuzane

Masifunde

## ISIMEMO

New Town Primary School Environmental Club

Bafundi beBanga lesi-4 abathandekayo

Ukuba ungathanda ukufunda ngokubanzi malunga nezilwanyana kunye nezinambuzane, zibandakanye nombutho ojongene nokusingqongileyo.


### Kwenzeka ntoni ngezi holide?

Uhambo olulodwa lokukhangela izinambuzane lubekelwe iiholide zenyanga kaTshazimpundu.

Yiza uze ufunde ngeenyosi namabhabhathane, iimbovane, ooqongqothwane neentethe kwi-Green Valley Gardens.

| | |
|---|---|
| Ixesha: | 09:00–16:00 |
| Umhla: | NgoLwesithathu, 6 ekaTshazimpuzi |
| Indawo esidibana kuyo: | Igumbi lokufundela labafundi beBanga 4 D |
| Kufuneka uze: | Nesidlo sakho sasemini nesiselo |
| | Usiba, incwadi yokubhala, umnqwazi welanga kunye nekhamera ukuba unayo. |

MUSA UKUHLUPHA IZINAMBUZANE!



Umhla:

AMAGAMA MATSHA

Masibhale

Funda isimemo kwakhona uze uphendule le mibuzo.

Abantwana beBanga lesi-4 babeza kuthabatha oluphi uhambo?

Olu hambo luza kuqala ngoluphi usuku ngabani ixesha?

Kufuneka beze nantoni abantwana?

Kuthetha ukuthini oku,"Musa ukuhlupha izinambuzane!"

Ungathanda ukuya kuhambo olunjalo lwesikolo? Kuba kutheni?

### UQONGQOTHWANE

Mombeleleni uQongqothwane!
Igqirha lendlela nguye
Yinto ethanda ubulongwe
Ngob' ubushushu nobulongwe bunye.

Iqokobh'e elimnyama liyamkhusela
Sisixhobo sokuzivikela
Nombala wakhe utheth'enye
Ubugwala naye asint' inye
Ubebalek'egqith'apha
Ngaloo milenzana mincinci
Sacing' uz' apha
Mombeleleni uqongqothwane!

Masibhale

Funda umbongo ukhwaze. Krwela umgca phantsi kwamagama anemvano-siphelo. Sebenzisa inkcazelo ekumbongo njengesikhokelo sokuzoba umfanekiso wesinambuzane.





XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 25 2019/10/21 10:56:18

# Bhabhathane ubukade uphi?





Masithethe

Jonga le mibongo. Uqaphela ntoni ngayo? Yohluke ngantoni kweminye imibongo oyifundileyo? Uyayithanda? Chaza ukuba kutheni.



Masifunde

Funda imibongo.


## MHLOBO WENTYATYAMBO

Molo, Bhadindini!
Kwowu, asikuko
nokuba umhle, utsho
ngamaphiko
akhazimlayo
nje! Uphuma phi
ulapha nje? Ufuna ni
kumfincamfincane?

Tyhini! Uhleli
nje akundazi
ndiphuma phi?
Ndiphuma kulaa myezo
unamakhaphetshu;
Ndifun'
ukutya kwezi
ntyatyambo.
Incindi emnandi
enencasa, incindi
yeentyatyambo.









**Masibhale**

Ngoku bhala imibongo engemilo oyithandayo kule mizobo. Qala ngokucinga ngemizobo. Cinga ngamagama okanye izivakalisi oza kuzisebenzisa.







**Masibhale**

Fakela iziphumlisi kwezi zivakalisi. Khumbula ukusebenzisa oonobumba abakhulu kwizibizo ezingamagama abantu okanye eendawo. Sebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo ekupheleni kwezivakalisi.

? ! . ,

utumi uza kuba netheko lokuzalwa kwakhe ethekwini ngeyekhala

ingaba ujabu ngukapteyini weqela labasebancinci leswallows

ndingxolise udade wethu unomsa ndathi makame

ndithenge iphephandaba imagazini incwadi nosiba

ndenze iqebengwana ngesonka samasi inkukhu ilethasi netumato

mna noveronica siyakuthanda ukutyelela umalumekazi ululu epolokwane

Umhla:

# Amagama ezandi (izifanadumo)

AMAGAMA MATSHA



Masibhale

Krwela umgca utshatise isandi nomfanekiso ochanekileyo.






nci-nci-nci

nyaawu

tswi-tswi-tswi


tshu-tshu-tshu

nkce-nkce-nkce


krrr-nkrinkrrrr

kwak-kwak

khelekenkce





Masenze

Zoba amanye amagama anesandi.




Pipi-i-i-p



Masibhale

Yahlula la magama ukuze ufumane izibizo ezingaphathekiyo ezili-15.

ukonwabaububeleinyanisoubuhloboubushushuinkathaleloumsindouvuyoinkululekoulwaziindlalaukhuselekousiziithembaudano

UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 29 2019/10/21 10:56:44

# 15 Cula ingoma



Masonwabe Yenzani esi sicengcelezo.

## UNOGAYOYO

“Wena, Nogayoyo,
Uyawaphetheni?”
“Ndiyawapheth’ inja.”
“Uyawayisa phi?”
“Ndiyawayis’ endle.”
Kunani ekhaya?”
“Ndoyik’ uGayoyo,
Ekhal’ enxuweni,

Esithi, ‘Tsiyo! Tsiyo!’
Ndafika kuMoni.
Entlantlath’ iinkobe.
Ndathi, ‘Ndikhongoze,’
Wathi, ‘Zingeziko.’
Ndaya, ndalinga,
Wandibetha ngazo.

Nam ndaphindisa.
Xhoba labayeni,
Bebefik’ izolo.
Baxhelew’ encinci;
Encinci bayalile.
Baxhelelw’ imvubu,
Yona nyam’ inkulu.”









Masithethe Xelela umhlobo wakho wenzeka phi lo mbongo. Leliphi ixesha losuku? Ijongeka njani indawo? Ucinga ukuba inoxolo okanye akunjalo? Ingaba sisixeko okanye yilali?



XHO HL Gr4 B1 TH1.indd 30 2019/10/21 10:56:47

Umhla:

Masibhale

Fakela iziphumlisi ezichanekileyo kulo mhlathi ulandelayo.

Khumbula ukusebenzisa oonobumba abakhulu kuwo onke amagama kunye nekoma phakathi koludwe lwezibizo.

uphethe ntoni unogayoyo

hayi tyhini undibethela ntoni

wayesitya iinkobe zombona omtsha

khawundiphe nam watsho unogayoyo ecela kumoni

Into omawuyikhumbule

**Izibizo ezibalekayo nezingabalekiyo**

Ukuba akukwazi ukubala, oko kuthetha ukuba isibizo asinasininzi. Jonga oku.

| Isinye | Umthamo/ ubungakanani |
|---|---|
| ubisi | intwana yobisi |
| iswekile | iswekile eninzi |
| i-oyile | intwana ye-oyile |
| isanti | isanti encinci |
| amanzi | amanzi amaninzi |
| umgubo | intwana yomgubo |
| ityuwa | intwana yetyuwa |

| Ukuzihlola | 🙂 | 🙁 |
|---|---|---|
| Ndiyakwazi ukufunda ibali ndiyiqonde imiyalezo ephambili. | | |
| Ndiyakwazi ukuphendula imibuzo evavanya ingqiqo esekelwe kwisicatshulwa. | | |
| Ndiyakwazi ukucingela isiphelo sebali. | | |
| Ndiyakwazi ukuchaza abalinganiswa ebalini. | | |
| Ndiyakwazi ukubalisa ngokutsha ibali endilifunde ngokulandelelana okuchanekileyo. | | |
| Ndiyakwazi ukucwangcisa ibali ndisebenzisa isazobe sokucinga. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo. | | |
| Ndiyakwazi ukuphawula izibizo eziqhelekileyo, izibizo ezingamagama nezibizo ezingaphathekiyo. | | |
| Ndiyakwazi ukuphawula izibizo ezibalekayo nezingabalekiyo. | | |
| Ndiyakwazi ukufakela iziphumlisi kwizivakalisi. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala izivakalisi ezilula. | | |
| Ndiyakwazi ukuseka izibizo ezimbaxa ngokudibanisa izibizo ezibini. | | |
| Ndiyayiqonda ingcaciso ebhalwe kuqweqwe yencwadi. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala irivyu yencwadi. | | |
| Ndiyakwazi ukucaphula ulwazi oluthile kumagama okanye imibongo. | | |
| Ndiyakwazi ukuqikelela ibali ngokujonga imifanekiso. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala kwidayari. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala i-sms. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala umbongo. | | |
| Ndiyakwazi ukubhala umbongo weemilo. | | |
| Ndiyakwazi ukuphawula amagama anezandi kumbongo. | | |
| Ndiyakwazi ukuphawula amagama anemvanosiphelo kumbongo. | | |
| Okunye: | | |
| Okunye: | | |

# Masibhale incwadi




Lungiselela ukubhala ibali lakho. Yenza isigqibo sokuba uza kulibhala libe malunga nantoni na ibali lakho. Zalisa isazobe sokucinga ngezantsi ukuze ibali lakho libenesiqalo, isiqu nesiphelo.



Zalisa isazobe sokucinga.

**Uza kubhala malunga nantoni?**

Ngobani abalinganiswa?

______________________________

______________________________

______________________________

Ithini imo-ntlalo yebali? Lenzeka phi eli bali?

______________________________

______________________________

______________________________

Kwenzeka ntoni?

______________________________

______________________________

______________________________

Liphela njani? Yintoni ebidala umdla kulo?

______________________________

______________________________

______________________________

**Ibali elilelam**

**Isiqalo**
Qala ngokuthi kwenzeka ntoni ekuqaleni.

______________________________

______________________________

______________________________

**Isiqu**
Yitsho ukuba kwenzeka ntoni na kwisiqu sebali.

______________________________

______________________________

______________________________

**Okulandelayo**
Yitsho ukuba kwenzeka ntoni engenye.

______________________________

______________________________


______________________________

**Isiphelo**
Liphele njani ibali?

______________________________

______________________________

______________________________



Sika iphepha elilandelayo ukuze wenze incwadi. Kumphandle, bhala itayitile yencwadi yakho. Bhala igama lakho phantsi kwetayitile, kuba kaloku ungumbhali. Zoba umfanekiso kumphandle wencwadi. Ngoku ungaqala ukubhala ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.

**Phambi kokuba ufunde**
• Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na. • Funda ukhawulezisa ukuze uqonde oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
• Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo • Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.

# Umxholo wesi-2: Okuyinyani neentsomi



Iziqulatho


**Iintsomi**
**Ikota yoku-1: Iiveki 5 - 6**

**17 Inkwenkwe eyakhala yathi "ingcuka!"** 36
Intshayelelo yeentsomi.
Iimpendulo zemibuzo ekukhethwayo kuyo nesekelwe ebalini.
Ingxoxo ngebali: umyalezo, abalinganiswa nesimo sentlalo.
Yenza umdlalo wokulinganisa ngebali.
Umsebenzi wokuziqhelanisa nesigama.

**18 Inkwenkwe eyakhala yathi "isiphekepheke!"** 38
Umdlalo osekelwe ebalini.
Ingxoxo nomsebenzi obhaliweyo ngesimo sentlalo, ngabalinganiswa nesakhiwo sebali. Ukuthelekiswa kweentsomi ezimbini.
Abafundi mabasebenzise inkqubo yokubhala nesikhokelo ukuze babhale ibali labo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.



**19 Izimaphambili** 40
Intshayelelo yezimaphambili namagama aziingcambu.
Ukuhlelwa kwezimaphambili.
Ukuchongwa kwezimaphambili nokusetyenziswa kwazo ekuguquleni intsingiselo yezivakalisi.
Kudlalwa umdlalo wesiPhekepheke.
Ukusebenzisa izivakalisi ezifutshane neziyaleli.

**20 Amaqhalo nezimamva** 42
Ingxoxo ngentsingiselo yamaqhalo.
Ukutshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo.
Intshayelelo yezimamva.
Zeziphi izimamva eziqhelekileyo.
Ukuchongwa kwezimamva namagama aziingcambu.
Ukusetyenziswa kwezimamva ezinikiweyo kwizivakalisi.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**21 Iqgabi lemibala ngemibala** 44
Kufundwa ibali.
Ingxoxo ngabalinganiswa abazizilwanyana abaneempawu zabantu, isakhiwo sebali nendlela elinokuphela ngalo ibali.
Ukuxela ulandelelwano lweziganeko ngokunxulumene nabalinganiswa abahlukeneyo.
Isigama esisetyenziswe kwisicatshulwa.
Ukuzoba "imephu" esekelwe kwiziganeko zebali.
Iingxoxo zamaqela zokucingela ukuba ngaba ibali liya kuphela njani.

Ukushwankathela ukuqhubeka kwebali ngokusebenzisa amagama ahlanganisayo, kuqala, ukuze, emva koko no-ekugqibeleni.

**22 Kwenzeke ntoni emva koko** 46
Ukuqhutywa kwebali.
Ukuphuhliswa komdlalo wokulinganisa ukubonisa ukuphuhliswa kwesakhiwo sebali.
Ukushwankathela ibali ngokokulandelelana kweziganeko.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**23 Ukucwangcisa ibali** 48
Kuboniswa izigaba ezahlukeneyo zebali ukuze kubhalwe ibali ngokulandelelana kweziganeko kujoliswe ekuqaleni, phakathi nasekupheleni.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**24 Izimaphambili namaqhalo** 50
Kuxoxwa ngamaqhalo, abonise ngemizekelo kwaye achazwe.
Umdlalo wamagama. Ugqatso lwezimamva-nezimaphambili.
Ukuchongwa kwezimaphambili nezimamva kunye namagama aziingcambu.
Ukusebenzisa amagama omdlalo ekwakheni izivakalisi.


**Isicatshulwa semiyalelo**
**Ikota yoku-1: Iiveki 7 - 8**

**25 Ukufunda iresiphi** 52
Ukufunda iresiphi yokwenza isaladi yeziqhamo.
Ukubala iindleko nokuchonga izithako nezitya ezifunekayo.
Ukubhala iresiphi yohlobo lokutya okuthandwayo.
Ukusebenzisa izimelabizo zoqobo.
Ukuchonga izimelabizo zokwalatha.
Kubhalwa izivakalisi ngokusebenzisa izimelabizo zokwalatha.

**26 Sisebenza ngezimelabizo** 54
Ukusebenzisa izimelabizo zokwalatha le, leyo, leyaa, aba, abo, abaya.
Ukubhala izivakalisi usebenzise izimelabizo zokwalatha.

**27 Zezikabani ezi?** 56
Ukuchonga nokusebenzisa izimelabizo zezimnini.
Ukukhetha izimelabizo ezichanekileyo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.





**28 Yenza intshontsho lepompom** 58
Ukufunda isicatshulwa semiyalelo.
Ukuphendula imibuzo yokuqondwa kwisicatshulwa semiyalelo.
Ingxoxo ngolandelelwano nokusetyenziswa kweziyaleli.
Ukunika imiyalelo ecacileyo.
Ingxoxo ngezinto ezifunekayo nangendlela yokwenza.
Ukwenza imiyalelo nezinto ezifuneka kuthotho lwemizobo emalunga nendlela yokwenza intshontsho lekhadibhodi.
Ukusebenzisa inkqubo yoyilo xa kubhalwa imiyalelo eliqela.

**Isicatshulwa solwazi**
**Ikota yoku-1: Iiveki 9 - 10**

**29 Zithini iindaba?** 60
Kufundwa amanqaku amabini kwiphephandaba. Ugqaliselo lukwizihloko, umgca wegama lombhali, umhla, umhlathi oyintshayelelo nokusetyenziswa kwemifanekiso neenkcazo zayo.
Kuphendulwa imibuzo ngesiqendu ngentsingise lo nangokuchonga imiqondiso.
Ukusetyenziswa kweziphumlisi ezichanekileyo nezipheló.
Ukusetyenziswa kwezivumelanisi zentloko.

**30 Ukuxela iindaba** 62
Ukwenza isicwangciso nokuyila inqaku lephephandaba ngokusebenzisa amagama okubuza "ntoni, nini, phi, bani, njani, kutheni".
Uxoxa neqela ngezimvo.
Usebenzisa inkqubo yokubhala.
Ubhala iindaba kwixesha elidlulileyo.
Ubhala inqaku lephephandaba ngokusebenzisa imiqondiso yomgca wesihloko, umgca wegama lombhali njalo njalo.
Ulungiselela aze enze intetho enxulumene nenqaku lephephandaba.
Ulungiselela amanqaku entetho eza kubhalwa kwixesha elidlulileyo.
Usebenzisa izininzi.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**31 Ukwenza intetho** 64
Iingcebiso malunga nokwenza intetho elungiselelweyo.
Izininzi.
Masizihlole.



**32 Bhala ibali** 66
Isicwangciso sebali esigxila kubalinganiswa, isakhiwo sebali, imo-ntlalo nesiphelo.
Ukubhala ibali kusetyenziswa umzekelo wencwadi esikiweyo.




XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 35 2019/10/21 10:54:03

# 17 Inkwenkwe eyakhala yathi "ingcuka!"

Masifunde

Eli bali liyintsomi. Iintsomi ngamabali abantu ababebaliselana ngawo kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Zazingabhalwa phantsi, zazisasazeka ngokuphinda zibaliswe kwakhona ngabantu. Sonke siyazazi iintsomi neembali ezithile, ezinjengezicengcelezo, iintsomi ezidumileyo, amabali angamaqhawe, iingoma zesintu namabali angemvelaphi. Amabali neentsomi ezininzi anemiyalezo neemfundiso ezibalulekileyo.

Kudala-dala kwakukho umalusi oyinkwenkwana owayeneminyaka elishumi ubudala. Yonke imihla wayeqhuba igusha azise endle ziyokutya ingca. Yonke imihla wayehlala phantsi komthi phezu kwenduli aze abukele umhlambi wakhe weegusha. Waqala ukuziva ebudinwa koku. Ngenye imini wathi efuna ukuzonwabisa, wakhwaza esithi, "Ingcuka! Ingcuka! Ndincedeni! Ingcuka ileqa iigusha!"

Xa besiva isikhalo sakhe esifuna uncedo, abahlali benyuka induli bebaleka ukuya kugxotha ingcuka. Kodwa bathi xa befika phezulu endulini, abayifumana ingcuka. Bafumana inkwenkwana kuphela neyasuka yagigitheka ibahleka.

"Musa ukukhwaza uthi 'ingcuka' xa kungekho ngcuka!", wamngxolisa omnye wabahlali ngexa babembombozela bebonke ukwehla endulini.

Ngosuku olulandelayo, le nkwenkwana iphinde yakhwaza isithi, "Ingcuka! Ingcuka! Ncedani! Ingcuka ileqa iigusha!" Kwakhona abahlali benyuka induli ukuya kumnceda ekugxotheni ingcuka.

Bathi abahlali kwakhona bakungayiboni le ngcuka, bathi, "Heyi kwedini, kufuneka ucele uncedo kuphela xa kukho into engalunganga! "Musa ukukhwaza uthi 'ingcuka' kube kungekho ngcuka!"

Inkwenkwe yasineka nje ibabukele bembombozela ukwehla induli kwakhona.

Kwiintsukwana nje ezimbalwa emva koku, inkwenkwana yabona ingcuka yenene ijoja-joja iigusha zayo. Yayisoyika kakhulu yaze yakhwaza kakhulu isithi, "Ingcuka! Ingcuka! Ndiyanicela ndincedeni!"

Kodwa abahlali bacinga ukuba uzama ukubagezela kwakhona, kwaze akwabikho mntu umnanzayo.

Ngobo busuku, abantu bengingqi bazibuza ukuba kutheni inkwenkwana engumalusi ingabuyanga nje neegusha. Bahamba bayokumfuna baze bamfumana ekhala futhi eyedwa.



"Ibikhona ngenene ingcuka! Izityile ezinye iigusha zaze ezinye zabaleka! Ndikhwazile ndifuna uncedo! Kutheni zeningezi?" wabuza ekhala.

Omnye wabahlali wazama ukuyithuthuzela inkwenkwana endleleni ebuyela elalini.

"Siza kukuncedisa sikhangele iigusha ezilahlekileyo kusasa," utshilo eyigona le nkwenkwana. "Kodwa ngoku kufuneka ufunde ukuba xa uzimisele ukuxoka, akukho mntu oya kukukholelwa… nokuba sele uthetha inyaniso!"



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 36 2019/10/21 10:54:04




Kutheni kungazange kufike mntu ozokunceda inkwenkwana?


Yenza umdlalo wokulinganisa eli bali. Kufuneka inkwenkwe, ingcuka, iigusha ezithile kunye nabahlali abathile.












Funa la magama kule phazili.

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| m | b | o | m | b | o | z | e | l | a |
| r | m | n | b | z | x | q | w | d | e |
| o | y | i | k | a | b | x | c | a | l |
| n | x | k | h | a | l | a | x | a | m |
| n | w | a | b | i | s | a | x | z | x |
| b | i | z | a | x | z | l | x | z | m |
| x | o | k | a | f | e | i | g | p | t |
| w | a | s | i | n | e | k | a | x | v |

mbombozela

oyika

khala

nwabisa

biza

xoka

sineka




Funda le mibuzo uze ubiyele unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

| Kwakutheni umalusi oyinkwenkwana aze akhwaze athi “Ingcuka”? | |
|---|---|
| A | Yayidikiwe ifuna ukuba ihoywe. |
| B | Yayicinga ukuba kwakukho ingcuka. |
| C | Yayifuna ukuxoka. |
| D | Yayifuna ukoyikisa ingcuka ukuze ibaleke. |

| Kwakutheni abahlali ze bangezi xa bekhwazwa? | |
|---|---|
| A | Babexakekile besebenza ezintsimini zabo. |
| B | Babecinga ukuba inkwenkwana iyaxoka kwakhona. |
| C | Zange bayive inkwenkwana. |
| D | Babefuna ingcuka itye iigusha. |

| Yeyiphi itayitile efanele eli bali? | |
|---|---|
| A | Mhla ingcuka yatya iigusha. |
| B | Inkwenkwana engumalusi. |
| C | Inkwenkwe eyacela uncedo. |
| D | Imini enelanga endulini. |

| Yintoni imfundiso ngeli bali? | |
|---|---|
| A | Ukuba ufuna uncedo akukho mntu oya kukunceda. |
| B | Musa ukungxola kakhulu. |
| C | Ukuba uhlala njalo uxoka, akukho mntu oya kukukholelwa xa uthetha inyani. |
| D | Kufuneka uthembeke. |


UTITSHALA: Sayina ____________ Umhla ____________



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 37 2019/10/21 10:54:05

# Inkwenkwe eyakhala yathi "isiphekepheke!"





Masifunde

UThabo wayethanda ukuba kujongwe kuye. Wayedla ngokubiza usapho lwakhe ukuba luzokubona isiphekepheke asibonileyo. "Yizani nizokubona isiphekepheke!" wayeya kukhwaza atsho okanye athi "Ncedani, iUFO igalelekile!" (iUFO sisifinyezo sala magama "*unidentified flying object*" natolikwa ngokuba "into engaziwayo ebhabhayo".)

Ngalo lonke ixesha uThabo ekhwaza, idolophu yonke yayibaleka ukuya kuloo ndawo ukuza kubona isiphekepheke. Bafike kungekho nto. "Sesimkile!", wayesitsho njalo emntwini wonke.


UThabo wakwenza oku kanye, kabini, kathathu – amaxesha amaninzi.

Kwaze kwathi ngenye imini, uThabo wasibona ngenene isiphekepheke. "Ncedani!" wakhwaza, "Isiphekepheke sigalelekile emasimini. Ncedani bethu! Khanincedeni!"

Kodwa zange kubekho mntu ozayo.

Kanye ngelo xesha, kwatsibela ngaphandle umntu oluhlaza ngebala ongaqhelekanga (i-eliyeni) wathi kuThabo, "Ndiyakucela khawundincede! Ndiphelelwe yipetroli nokutya kosapho lwam. Abantwana bam bafuna ukutya ngokungxamisekileyo! Nceda usiphathele amagqabi amaninzi kangangoko unako!"

"Ncedani!" wakhwaza uThabo. "Kukho iieliyeni ezilambileyo emasimini!"



Kodwa zange kufike mntu.

UThabo waqokelela amagqabi kwimithi yonke waze wabaleka ukuya egaraji eyokuthenga ipetroli. Ieliyeni eluhlaza yambulela kakhulu.

UThabo wayediniwe waze wawa phantsi xa isiphekepheke sihamba.

"Yintoni leyo Thabo?" wabuza umama wakhe ebona isiphekepheke siphephezela emoyeni.

"Kuza kunceda ntoni na ukuba ndibesakuxelela Mama," watsho uThabo, enyikinya amagxa akhe. "Soze undikholelwe".



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 38 2019/10/21 10:54:06




Yenza umdlalo wokulinganisa eli bali. Kuza kufuneka ieliyeni, abantwana abazieliyeni, uThabo nomama wakhe.

Lifana njani eli bali neli lithi "Inkwenkwe eyakhwaza yathi 'Ingcuka!'"?





Cinga ngamabali omabini uze uzalise le theyibhile.


| Ibali | Ngubani umdlali ophambili? | Lakhiwe njani ibali? | Uthini umyalezo weli bali? |
|---|---|---|---|
| Inkwenkwe eyakhala yathi "Ingcuka!" | | | |
| Inkwenkwe eyakhala yathi "Isiphekepheke!" | | | |




Ngoku bhala ibali elilelakho elimalunga namagama ali-120 malunga nenkwenkwe okanye intombazana eyakhalela uncedo. Qala ngokubhala ibali lakho kwiphetshana uze ucele umhlobo wakho alijonge. Emva koko, bhala ngokucocekileyo kwisithuba esingezantsi.







| | |
|---|---|
| Isihloko sebali lakho | |
| Ukhwazela ntoni? | |
| Kwenzeka ntoni ngenye imini xa kwakungekho mntu ophendulayo? | |
| Sithini isiphumo soku? | |
| Uthini umyalezo okanye imfundiso ngeli bali? | |



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 39 2019/10/21 10:54:11

# Izimaphambili





Zonke izibizo zinezimaphambili.

## Yintoni isimaphambili?



Isimaphambili asilogama elipheleleyo. Siyinxenye yegama kwaye sibasekuqaleni kwegama elipheleleyo (nekuthiwa yingcambu) umz. aba + ntu = abantu. Senziwa liceba kunye nesisekelo, umz. a + ba = aba. Isimaphambili siyasixelela ukuba isibizo sikwisinye na okanye sikwisininzi. Sikwasinceda ekwahluleni izibizo ngokwamahlelo.




Jonga lo mzekelo. Ingaba esi sibizo sikwisinye okanye sikwisininzi? Sikweliphi ihlelo?

| Isimaphambili | isinye/isininzi ihlelo |
|---|---|
| aba | isininzi |

Xela isimaphambili sesibizo ngasinye uze uxele iceba nesisekelo saso kunye nehlelo lesibizo eso.

| Izibizo | Isimaphambili |
|---|---|
| umntu | um (u) |
| ilizwe | ili |
| izitya | izi |
| amahashe | ama |
| inkwenkwe | in |

Biyela isimaphambili ngasinye kula magama.

Krwela umgca phantsi kwengcambu.




abahlali | ingcuka | umalusi | umfundi | isifundo | isihloko | isiphekepheke | intsomi | amagxa | ubusi | intsingiselo | isiNgesi




Krwela umgca phantsi kwesimaphambili kwisibizo ngasinye. Emva koko xela iceba nesisekelo seso simaphambili.



Umalusi walusa iigusha zakhe.

Ingcuka ileqa amatakane.



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 40 2019/10/21 10:54:14

Umhla:

AMAGAMA MATSHA

Isiphekepheke siwele emasimini.

Abantu bavuna umbona.

Inkwenkwe iphakula ubusi.



Masonwabe

Masidlale umdlalo wasemajukujukwini. Sebenzisa idayisi neemakha xa udlala, uze unduluke kwinombolo yoku-1.






XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 41 2019/10/21 10:54:15



Masithethe

Xoxani ngala maqhalo nize nitsho ukuba nicinga ukuba athetha ntoni. Emva koko krwela umgca oya kwintsingiselo ekwikholamu engasekunene.

Amaqhalo yintetho enentsingiselo efihlakeleyo nebalulekileyo.





| | |
|---|---|
| Iqaqa aliziva kunuka. | Elowo makazilungiselele okwakhe. |
| Umthathi uyawuzala umlotha. | Umntu akaziboni iziphoso zakhe. |
| Inkungu ilala kwiintaba ngeentaba. | Umntu olungileyo uyabazala abantwana abangento. |
| Akukho mpukane inqakulela enye. | Umntu akasindwa ngumthwalo wakhe. |
| Indlovu ayisindwa ngomboko wayo. | Nangona kukubi namhlanje kuza kulunga ngenye imini. |



## Yintoni izimamva?

Izimamva zizakhi ezihlonyelwa ngemva kwengcambu yegama. Nazo ziyayitshintsha intsingiselo yegama.

Umzekelo: isiphelo esithi '-kazi' sithetha "ukuba nkulu" okanye simela isikhomokazi. Ngoko ke igama elithi umlambokazi lithetha "umlambo omkhulu".



Zithetha ukuthini ezi zimamva?


| Isimamva | Intsingiselo |
|---|---|
| -ana | incinci |
| -kazi | inkulu |
| -kazi | isikhomokazi |







XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 42 2019/10/21 10:54:21



Masibhale

Krwela umgca phantsi kwengcambu.

Biyela izimamva ezisekupheleni kwala magama.

umntwana | ithokazi | intanjana | indodakazi | indlwana | umlambokazi | injana | ubawokazi | indodana | umfokazi | amandlakazi | umalumekazi | umzikazi | ingozana | isikhukukazi | icetshana | intokazi | ingxolokazi | umhlatyana | amanzana | isityana

Khetha amagama amahlanu uze uwasebenzise kwizivakalisi.

Khetha igama elichanekileyo, faka isimamva –eka uze ubhale igama elitsha kwisikhewu esishiyiweyo.

| | |
|---|---|
| inyaniso | Ngalo lonke ixesha, uku________________kukukhupha ematyaleni. |
| thanda | Zonke ezi ncwadi ziya________________noxa zininzi. |
| themba | Esi sonka siya ________________ nangona silukhuni nje. |
| buka | UBongi ngumntwana ongafane athethe ubuxoki kengoko u________________. |
| funda | Ikati yam iya________________xa ihlanjiwe. |
| tya | Eli laphu liya________________. |



# 21 Igqabi lemibala ngemibala

**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.




Kwiintsomi ezininzi, izilwanyana ziziphatha kakuhle futhi zithethe njengabantu. Funda eli bali uze ucinge ngabalinganiswa abazizilwanyana.




Umthi ume egadini. Umoya uqalise ukubhudla kancinci laze igqatyana elincinci laqalisa ukushukuma.

Liwile emthini. Liwile lehla, lehla, lehla lade lafikelela engceni phantsi komthi. Ikati ibizihlalele engceni. “Molo gqatyana elincinci eliluhlaza”, itshilo ikati. “Ndingadlala nawe?”



Igqatyana belisele liza kuthi ewe kwasuka kwavuthuza umoya kwakhona. Zwii-zwii! watsho umoya waze waliphakamisa igqabi lenyuka, lenyuka ukuya esibhakabhakeni. Umoya walisa kude, waze walibeka igqatyana elincinci ecaleni kwendlela.

“Molo, gqatyana elihle elimthubi,” itshilo intaka esecaleni kwendlela. “Uza kuhlala nam?” “Uyandihlekisa,” litshilo igqatyana elincinci. “Ikati ithe ndiluhlaza. Ngoku intaka ithi ndimthubi. Inoba ndingumbala onjani?”



Igqabi beliza kubuza intaka xa umoya uqalise ukubhudla kwakhona. Wuu wuu! watsho umoya waze waliphakamisa igqabi lenyuka, lenyuka ukuya esibhakabhakeni. Umoya walisa kude, waze walibeka igqatyana edlelweni.

Kwakukho iinkomo kwelo dlelo zisitya ingca. Enye yeenkomo yasondela ukuza kujonga igqatyana elincinci.



“Mhuu,” yatsho inkomo. “Molo gqatyana elincinci eliorenji.” “Uyandihlekisa,” litshilo igqatyana elincinci. “Ikati ithe ndiluhlaza, intaka yathi ndimthubi. Ngoku inkomo ithi ndiorenji. Inoba ndingumbala onjani?”

Igqatyana elincinci beliza kubuza inkomo wasuka umoya waqalisa ukubhudla kwakhona. Zwii-zwii! watsho umoya waze waliphakamisa igqabi lenyuka, lenyuka ukuya esibhakabhakeni. Umoya walisa kude, waze walibeka igqatyana elincinci ngononophelo encochoyini yenduli enkulu.



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 44 2019/10/21 10:54:29

Umhla:

AMAGAMA AMATSHA



Masithethe

Yintoni eyabangela ukuba igqabi liwe emthini?
Igqabi lihambe njani ukusuka kwisilwanyana sokuqala ukuya kwesinye?
Kutheni umbhali esebenzise eli gama “zwii-zwii”?
Ingaba akhona amanye amabali owaziyo apho izilwanyana zikwaziyo ukuthetha?
Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni elandelayo ebalini?
Ucinga ukuba ibali liya kuphela njani?



Masenze

Zoba indlela ehanjwe ligqabi ukusuka emthini ukuya kwinkomo.



Masibhale

Ngoku chaza umfanekiso wakho usebenzisa la magama, “okokuqala”, “kwaze”, “emva koko”, “ekugqibeleni”.

| |
|---|
| Okukuqala igqabi |
| |
| Kwaze |
| |
| Emva koko |
| |
| Ekugqibeleni |
| |



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 45 2019/10/21 10:54:35

# 22 Kwenzeke ntoni emva koko




Masifunde

Masibone ukuba ibali liphela njani na.



Igqatyana elincinci lahlala apho ixesha elide. Kwaze kwafika ibhokhwe kulo. "Molo gqatyana elibomvu", yatsho ibhokwe. "Ingaba uzohlala nam endulini?" "Uyandihlekisa," litshilo igqatyana elincinci. "Ikati ithe ndiluhlaza, intaka yathi ndimthubi yaze inkomo yathi ndiorenji. Ngoku ibhokhwe ithi ndibomvu. Kanti ndinombala onjani?"



Igqatyana elincinci lahlala apho lizithulele. "Molo gqatyana elimdaka", yatsho ihagu. "Ndiphantse ndakutya ngoku. Ingaba ngumoya lo ukuzise apha?" "Hayi bo! sukundihlekisa," litshilo igqatyana elincinci. "Ikati ithe ndiluhlaza, intaka yathi ndimthubi yaze inkomo yathi ndiorenji, ibhokhwe yathi ndibomvu. Ngoku ihagu ithi ndimdaka. Ndinombala onjani kanye kanye?"



Kanye ngelo xesha, inkwenkwana encinci ibone eli gqabi yaze yalithatha. "Jonga," itshilo kumama wayo. "Jonga eli gqatyana lincinci ligolide. Jonga onke amanye amagqabi. Aluhlaza namthubi naorenji nabomvu, amdaka nagolide". "Ewe, utshilo umama wakhe. Njengoko ihlobo liphelile, amagqabi ayimibala yasekwindla."



Masenze

Masenze umdlalo wokulinganisa eli bali abadlali abalithoba:

- Umntu omnye oza kuba ligqabi
- Abantwana abathandathu abaza kuba zizilwanyana
- Umntu omnye oza kuba yinkwenkwe
- Umntu omnye oza kuba ngumama
- Okokugqibela, umntu omnye oza kubalisa ibali

Umbalisi ubalisa indawo ebalini engathethwa zizilwanyana, yinkwenkwe, ngumama okanye ligqabi.



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 46 2019/10/21 10:54:43

# 23 Ukucwangcisa ibali




Cinga ngebali legqatyana.

- Thetha malunga nendlela ibali eliqale ngayo.
- Chaza ukuba ibali liphele njani na.

Qala ngokubhala ilinge lokuqala, uze ucele umhlobo wakho ukuba alihlele. Libhale ngokucocekileyo kwisithuba osenzelwe ngezantsi. Ibali lakho kufuneka libe malunga namagama ali-120 – 140 ubude.




Zoba umfanekiso malunga nendlela eliqale ngayo ibali, uze ubhale umhlathi omalunga nesiqalo sebali.




Fundani amaqhalo nize nithethe ngeentsingiselo zawo. Zoba umfanekiso obonisa oku. Okokugqibela, bhala isivakalisi esicacisa intsingiselo yeqhalo.

1 Inkqayi ingena ngeentlontlo.

2 Imbila yaswela umsila ngokuyalezela.



3 Evuka mva ikholwa zizagweba.





XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 50 2019/10/21 10:55:02

Umhla:

# Ukhuphiswano lwezimaphambili nezimamva

Ngoku zama lo mdyarho wezimamva nezimaphambili. Khuphisana nomhlobo wakho. Jongani ukuba ngubani oza kukhawuleza ukufumana izimaphambili okanye izimamva aze azikrwelele umgca ngaphantsi.


Masonwabe





Masibhale

Khetha amagama amahlanu kumfanekiso uze uwasebenzise ekwenzeni isivakalisi.

# 25 Ukufunda iresiphi



Masifunde



## Iresiphi yesaladi yeziqhamo

### Izithako

| | |
|---|---|
| 2 ama-apile | 2 amatisipuni eswekile |
| 2 iibhanana | 1 ipopo |
| 1 iorenji | 1 ipayina |

### Indlela yokwenza oku

1. Chuba ama-apile uze uwasike abe ngamaqhekezana.
2. Sika iibhanana zibe zizilayi.
3. Chuba ipopo uze uyisike ibe ngamaqhekezana
4. Chuba ipayina uze ulisike libe ngamaqhekezana.
5. Dibanisa iziqhamo esityeni.
6. Khama iorenji.
7. Galela incindi yeziqhamo kwisaladi.
8. Fafaza iswekile.




Qaphela ukuba umyalelo ngamnye uqala ngesenzi.



Masibhale

Kufuneka ube namalini ukuze wenze isaladi yeziqhamo?

| | | Irandi | Iisenti |
|---|---|---|---|
|  | R1,50 inye | | |
|  | R2,00 inye | | |
|  | R6,00 inye | | |
|  | R4,00 inye | | |
| | Iyonke | | |



Masithethe

Wenza ntoni emva kokusika iibhanana zibe zizilayi?
Wenza ntoni emva kokusasaza iswekile kwisaladi?
Cinga ukuba zeziphi izitya nezinto oza kuzifuna xa usenza le saladi. Zibhale phantsi.

| |
|---|
| |
| |
| |



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 52 2019/10/21 10:55:15

Umhla:




Ngoku bhala phantsi eyakho iresiphi yesidlo sakho osithandayo.







Iresiphi ye- ____________________

Izithako

| | |
|---|---|
| | |
| | |
| | |

Indlela

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |
| |




Funda isivakalisi ngasinye uze ubiyele ngesangqa **esibomvu** isimelabizo onokusisebenzisa endaweni yezibizo.

**Intombazana** ihlala eThekwini.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Mna | wena | yena | yona | bona | thina |

**Inkwenkwe** ingumdlali wesoka obalaseleyo.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Mna | wena | yena | yona | bona | thina |

**UJabu noPeter** bathanda ukudlala isoka ukuphuma kwesikolo.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Mna | wena | yena | yona | bona | thina |


**Inja** ithanda ukudada emlanjeni.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Mna | wena | yena | yona | bona | thina |



Isimelabizo ligama elisetyenziswa endaweni yesibizo. Senza isivakalisi sibe sifutshane kwaye kube lula ukusithetha nokusifunda.

# 26 Sisebenza ngezimelabizo



Masibhale

Fakela **le**, **leya** esi, eliyaa okanye ezi.

Izimelabizo zokwalatha (izikhombisi) sizisebenzisa xa sisalatha loo nto sithetha ngayo.

Sisebenzisa **le** okanye **ezi** xa izinto zikufutshane.

Sisebenzisa **leya** okanye **ezo** ukuba izinto zikude.

| | futshane | kude |
|---|---|---|
| isinye | le leyo esi eso eli | Leya esiya laa esaa |
| isininzi | ezi ezo la | Eziyaa ezaa |



Yidyasi yam endiyithandayo ____________________.



Yinyanga __________ze ibe lilanga______.




Ndihlala kw__________sitalato.



__________ liphenyana.



Yilokishi yam__________.



__________bhayisekile zezokunyuka intaba.



Masibhale

Bhala izivakalisi ezi-4 usebenzise izalathisi **le** okanye **leya.**

| |
|---|
| |
| |
| |
| |



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 54 2019/10/21 10:55:36

Gqibezela ezi zivakalisi.

Fakela u-**le, leya, ezaa, ezi** okanye **ezo**




Yikati yam __________.



__________ lokhwe ndiyombulelwe ngusisi.



Ziikati zam __________.



__________ yimoto katitshala wam.



_________ nkwenkwezi ziqaqambile.



_________ moto ziyabaleka.



**Masibhale** Bhala izivakalisi ezi-4 eziqala ngo- **ezi** okanye **ezo.**

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |




XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 55 2019/10/21 10:55:42

# 27 Zezikabani ezi?




Krwela umgca phantsi kwesimelabizo esichanekileyo kwisivakalisi ngasinye kwezi.

| |
|---|
| Le yibhayisekile **yakhe**/**yena**. |
| Le yimoto **yabo**/**bona**. |
| Lusiba **lwakho**/**wena** olu? |
| Esi sisikolo **sethu**/**thina**. |
| Le yidyasi **yakhe**/**yena**. |
| **Yeyakho**/**wena** le fowuni? |
| Yinja **yam**/**yeyam** le. |



| |
|---|
| **Yeyakhe**/**yena**. |
| **Zezabo**/**bona**. |
| **Yeyakho**/**wena**. |
| **Yeyethu**/**thina**. |
| **Yeyayo**/**yona**. |
| **Yeyam**/**mna**. |
| Inja **yeyam**/**yam**. |




Tshatisa izivakalisi ezisekhohlo kunye namagama asekunene azizimnini.

| |
|---|
| Le yimoto yethu. |
| Le yibhayisekile kaNomsa. |
| Le yinja yam. |
| Ezi ziincwadi zabahlobo bam. |
| Le yihempe kaThabo. |
| Ezi ziincwadi zakho. |

| |
|---|
| Yeyakhe. |
| Zezabo. |
| Zezakho |
| Yeyakhe. |
| Yeyethu. |
| Yeyam. |

Isimnini ligama elibonisa ukuba into yekabani na. Maxa wambi sisibonisa ngesakhi u-ka esihlonyelwa kwisibizo.



Sebenzisa izimnini uvale izikhewu ezishiyiweyo kwizivakalisi ezichanekileyo.

Sebenzisa la magama akuncede.

zawo | yakhe | zethu | yethu | yalo

*Yimoto kaJohn. Yeyakhe.*

Le yilokhwe ka-Ann. Ye______________.

Le yimoto yasekhaya. Ye______________.

Yifowuni kaThabo le. Ye______________.

Ziincwadi zamakhwenkwe ezi.
Ze______________.

Le selula yekaJim. Ye______________.

Le yifama yosapho lwam. Ye______________.



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 56 2019/10/21 10:55:51



**Masibhale**


Tshatisa izivakalisi ezikwikholam yokuqala kunye nezichanekileyo ezikwikholam yesibini. Jonga amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi. Aya kukunceda ekukhetheni izimelabizo ezichanekileyo.

| | |
|---|---|
| Mna nosapho lwam asihlali eBisho. | Yena udlala intenetya. |
| UMaria akawenzi umsebenzi wakhe wasekhaya ebusuku. | Wena uthanda ukudlala isoka. |
| Inja yethu ayiyityi intlanzi. | Bona bathanda iiorenji. |
| Akuyidlali itshesi emalanga. | Thina sihlala eMtata. |
| UJabu akaqubhi esikolweni. | Yena ubukela iTV ebusuku. |
| Abantwana abawathandi ama-apile. | Yona itya amathambo enkukhu. |
| Andinayo inja esisilo-qabane. | Thina silala ngentsimbi ye-9. |
| Mna nobhuti wam asilali ngentsimbi yesi-8. | Mna ndinendlovu enamathole. |



**Masonwabe**

Nceda uJim afumane indlela yakhe egodukayo. Kufuneka uhambe ngendlela ekhonjwa yibhayisekile ukuze umncede afike ekugqibeleni kwale meyizi.






XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 57 2019/10/21 10:56:28

# Yenza intshontsho lepompom






Funda imiyalelo uze uchazele umhlobo wakho ekufuneka ukwenzile xa usenza eli ntshontsho.




## Okufunayo

Ibhola yewulu yokunitha emthubi
Isicoci esi-1 sombhobho.
Amehlo, umlomo wentaka neenyawo ezisikwe ephepheni isinamathelisi (iglu) esomeleleyo.



## Indlela yokwenza iipompom zakho




1 Zoba izangqa ezibini ezikhulu, ezilinganayo kwikhadibhodi. Zisike.

2 Zoba izangqa ezincinci ngaphakathi kwezi zangqa zikhulu. Zisike ukuze izangqa zekhadibhodi ezikhulu zibe nomngxuma embindini.

3 Dibanisa izangqa uze uzisongele ngewulu emthubi emngxunyeni osembindini nangaphandle de izangqa zigqumeke. Ungasebenzisa imitya yewulu emibini okanye emithathu ukuze ugqume izangqa ngokukhawuleza.

4 Sebenzisa isikere esibukhali usike iwulu phakathi kwemiphetho yezangqa ezibini.

5 Faka isicoci sombhobho embindini ukuze wenze imilenze yentshontsho.

- Beka umsonto wewulu phakathi kwezangqa zekhadibhodi uze uwubophe uqine. Yenza amaqhina amabini, uze ususe amakhadi.
- Ngoku yenza ipompom encinci ngezangqa ezibini ezincinci. Yenza njengale yokuqala, kodwa umahluko ngowokuba le ipompom ayifuni milenze.


### Ngoku yenza intshontsho.

6 Dibanisa ngeglu iipompom ezimbini.

7 Goba isicoci sombhobho wenze imilenze emibini yentshontsho.

8 Sika iinyawo, amehlo nomlomo ephepheni elingasemva encwadini yakho.

9 Ncamathelisa oku ngeglu kwiipompom.




| | |
|---|---|
| Thiya intshontsho lakho igama. | |
| Kufuneka ntoni xa usenza iipompom? | |
| Uza kuyenza ntoni iglu? | |



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 58 2019/10/21 10:56:31

**A**

Igama lephephandaba

# IIMVO ZABANTWANA

Umhla

22 EkaTshazimpuzi 2015

Ingongoma

## Umntwana oneminyaka eli-11 upapashe incwadi yokupheka

*Zoe Bain* Umgca wombhali



Umhlathi wentshayelelo

UJack Witherspoon ujongeka njengayo nayiphi na inkwenkwana eneminyaka eli-11. Uthanda ukutyibiliza, udlala ibhola ekhatywayo futhi uyakuthanda ukupheka.

UJack ochithe ixesha elininzi lobomi bakhe esilwa isigulo esikhulu upapashe incwadi yakhe yokuqala yokupheka ebizwa ngokuba yiTwist It Up.

UJack waqala ukuba nomdla ekuphekeni eneminyaka emithandathu xa wayelele esibhedlele ixesha elide. Wayedla ngokubukela iinkqubo zokupheka kwiTV yasesibhedlele waze wafumanisa ukuba kukho isitishi esibizwa ngokuba yiFood Network. Waqalisa ukuzenzela ezakhe iiresiphi ngexa esesibhedlele waze wathi akufika ekhaya, wazivavanya.

Incwadi kaJack ithengiswa kwihlabathi lonke jikelele kwaye inxalenye yemali ayifuma ngokuthengiswa kwale ncwadi uphisa ngayo kwimibutho enceda abantwana abahluphekileyo abathi bagule.



Masithethe

Funda amanqaku omabini u-A no-B. Kwiqela lakho, thethani ngamanqaku u-A no-B.

Xoxani ngeempendulo zale mibuzo.

**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.

| |
|---|
| Zithini iingongoma kwaye ziwutsala njani umdla wethu? |
| Kukho ntoni kwimihlathi yokuqala kwaye oku kuwutsala njani umdla wethu? |
| Inqaku ngalinye limalunga nabani? |
| Sesiphi isiganeko esichazwa leli nqaku? |





XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 60 2019/10/21 10:56:41

B

# ISikolo saseNew Town siphinde saphumelela


8 EyoKwindla 2015

*Bheki Phakati*

Abafundi bebanga lesi-4 besikolo saseNew Town baphumelele ibhaso kwimibhiyozo yeWorld Book Day izolo. Le klasi yeBanga lesi-4 ifundela abantwana beBanga loku-1 nelesi-2 amabali esikolweni.

Umntwana ngamnye okwiBanga lesi-4 ufundela abantwana abakumabanga angaphantsi amabali. Le klasi yeBanga lesi-4 izenze ngokwayo ezinye zezi ncwadi. Ezinye iincwadi zinikezelwe ngabapapashi ngaphandle kwentlawulo. Abantwana abancinci beBanga loku-1 nele-2 bayazithanda iincwadi eziyimibala ngemibala. Uninzi lwabantwana basuka kumakhaya ahluphekileyo kwaye abanazo iincwadi ezintle ezinjalo kumakhaya abo.

Amantombazana amabini kwiklasi yeBanga lesi-4 baphumelele kuKhuphiswano lokuYila iSalathisi sencwadi. Abaphumeleleyo nabonwabe kakhulu uBongi Dube noMary Smith, bafumene ibhaso leencwadi ezili-10 ngokwenza ezona zalathisi zingaqhelekanga.




UBongi Dube noMary Smith

Abaphumelele ukhuphiswano lokuYila iSalathisi sencwadi.




Sineendidi ezintathu zezimelabizo zokwalatha/zezalathisi: Udidi lokuqala lo, **le, la**. Olwesibini, **leyo, lowo lawo,** nolwesithathu **leyaa, esiya, eziya, abaya.** Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela isikhombisi esichanekileyo.

| | |
|---|---|
| Ingcuka izitye zonke ____ gusha. | Ndifuna ____ iayskrim. |
| Uyifundile ____ ncwadi zihambisayo? | Uphumelele ibhaso ko____ khuphiswano lokuyila isalathisi sencwadi. |
| ____ nkwenkwe iyagula. | Ndicela ____ orenji. |
| ____ klasi yeBanga lesi-4 iphumelele. | Ndiza kumbonisa ____ ucinga ukuba ndilele. |

Sisebenzisa isalathisi sodidi lokuqala umz. lo, le, esi xa sisalatha into ekufuphi nalo mntu uthethayo. Sisebenzisa esesibini umz leyo, eso, abo xa sisalatha into ekufuphi kulo mntu kuthethwa naye. Esesithathu laa, esiya, abaya sisetyenziswa ukwalatha into ekude kubo bobabini aba bantu.

Fakela iziphumlisi ezifanelekileyo ekupheleni kwezi zivakalisi:

Wowu! UJack ubhale eyona ncwadi yakhe yanomdla___

Namhlanje ibiluSuku lweHlabathi lweeNcwadi___

Ngubani ophumelele ibhaso__

Kutheni iSikolo saseNew Town siphumelele ibhaso nje__





XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 61 2019/10/21 10:56:46

# 31 Ukwenza intetho





Yenza intetho esekelwe kwinqaku lakho lephephandaba. Sebenzisa ezi ngcebiso eziza kukunceda.




## IINGCEBISO ZENTETHO ELUNGISELELWEYO

- Ingxelo yakho kufuneka ibenesiqalo, isiqu nesiphelo.
- Landelelanisa iziganeko ngokuchanekileyo.
- Khumbula ukuma ngendlela efanelekileyo.
- Sebenzisa imvakalozwi efanelekileyo.
- Qinisekisa ukuba wonke umntu uyakuva.
- Thetha ngokucacileyo.
- Jonga abaphulaphuli bakho.







Zenzele amanqakwana amafutshane.





XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 64 2019/10/21 10:57:03



**Masibhale**


Isininzi sisibona ngesimaphambili sesibizo umz **Iqanda** elinye, **amaqanda** amabini. Kodwa zikhona izininzi ezithile ekuya kufuneka uzifunde uze uzikhumbule.

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1 Umntwana omnye ______ ababini | 2 Izinyo elinye ______ amabini | 3 Inkomo enye ______ ezimbini | 4 Unyawo olunye ______ ezimbini |
| 5 Itumato enye ______ ezimbini | 6 Iapile elinye ______ amaninzi | 7 Udonga olunye ______ ezimbini | 8 Umthi omnye ______ emibini |
| 9 UBongi omnye ______ ababini | 10 Umfundisi omnye ______ ababini | 11 Umalusi omnye ______ ababini | 12 Inja enye ______ ezimbini |
| 13 Ihashe elinye ______ amaninzi | 14 Udyakalashe omnye ______ abaninzi | 15 Inenekazi elinye ______ amabini | 16 ibhotile enye yobusi ______ ezininzi |

1 amahashe, 2 amazinyo, 3 iinkomo, 4 iinyawo, 5 iitumato, 6 iitapile, 7 iindonga, 8 imithi, 9 ooBongi, 10 abefundisi, 11 abelusi, 12 izinja, 13 amahashe,14 oodyakalashe, 15 amanenekazi, 16 zobusi

## Masizihlole

| Ndiyakwazi | 🙂 | ☹ |
|---|---|---|
| ukufunda intsomi. | | |
| ukufunda iresiphi. | | |
| ukufunda imiyalelo. | | |
| ukufunda inqaku lephephandaba. | | |
| ukuphawula ingongoma, umgca wombhali, intshayelelo. | | |
| ukucwangcisa nokubhala ibali. | | |
| ukucwangcisa nokubhala imiyalelo. | | |
| ukucwangcisa nokubhala iresiphi. | | |
| ukuqikelela amabali neziphelo zawo. | | |
| ukulinganisa amabali. | | |
| ukuphawula abalinganiswa abaphambili, isakhiwo sebali, isimo sentlalo nabadlali. | | |
| ukusebenzisa izimaphambili nezimamva. | | |
| ukusebenzisa izimelabizo zoqobo nezokukhomba. | | |
| ukuzisebenzisa zontathu iindidi zezikhombisi (le, leyo, leya). | | |
| ukuqukumbela isivakalisi kakuhle. | | |



UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 65 2019/10/21 10:57:15

# Bhala ibali


Umhla: ____________






Thetha nomhlobo wakho malunga nebali ofuna ukulibhala.

Fakela izimvo zakho kweli phepha.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.




Zenzele eyakho incwadi. Sika iphepha elilandelayo lale ncwadi. Sika kwimigca echokoziweyo. Songa iphepha emgceni. Bhala isihloko sencwadi eqweqweni. Bhala igama lakho phantsi kwesihloko, kuba ungumbhali webali. Zoba umfanekiso eqweqweni. Bhala ke ngoku ibali lakho encwadini.



XHO HL Gr4 B1 TH2.indd 66 2019/10/21 10:57:19

# Iziqulatho

## Umxholo wesi-3 Konke ukufumana kokufundayo




**Isicatshulwa esinika ulwazi**
**Ikota yesi-2: Iiveki 1 – 2**

**33 Sazi ntoni ngemozulu? 70**
Funda isicatshulwa esinika ulwazi esinemifanekiso. Funda itshathi yemozulu kunye nebhatshathi yemvula.
Ingxoxo esekwe kwitshathi yemozulu.
Ukucaphula iinkcukacha kwitshathi yemozulu nokuthelekisa imozulu yeendawo ezahlukileyo.

**34 Imozulu yanamhlanje imi ngolu hlobo . . . 72**
Yenza itshathi yemozulu usebenzise imisiko.
Ubonisa inkqubo yemozulu kumabonakude.
Abafundi bazinika ngokwabo amanqaku ngosasazo lwabo nolwabanye abafundi.

**35 Ukuchaza izibizo ngeziphawuli nangezibaluli 74**
Ukusebenzisa iziphawuli nezibaluli ukuchaza imifanekiso.
Intshayelelo yamaqondo othelekiso.
Ukwenza izivakalisi ngokusebenzisa iziphawuli nezibaluli ezinikiweyo.
Ukugqibezela ibali ngokusebenzisa iziphawuli nezibaluli ezifanelekileyo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**36 Kwenzeke kwixesha elidlulileyo 76**
Ixesha elidlulileyo: izenzi ezikwimo ende nemfutshane.
Ukubhala ingongoma kwidayari kwixesha elidlulileyo. Ukuchonga izenzi zexesha elidlulileyo.
Ukubhala izicatshulwa ngokutsha uziguqule kwixesha elizayo zibe kwelidlulileyo.
Uthelekiso lwezichazi/nangokobukhulu.

**37 Ukufundela ulwazi 78**
Ukufunda isicatshulwa esinika ulwazi– incwadana yeenkcukacha.
Isicatshulwa esinxulumene nencwadana yeenkcukacha.
Ukwenza incwadana yeenkcukacha enemifanekiso ukunika iinkcukacha.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.





**38 Ukunika iinkcukacha 80**
Ukufunda ibhatshathi ngezemidlalo.
Ukuphendula imibuzo enxulumene nebhatshati.
Ukwenza uphando nokusebenzisa iinkcukacha ukwenza ibhatshathi.
Ukwenza umboniso webhatshathi kwiqela.

**39 Ukufunda itshathi ukuze ufumane ulwazi 82**
Ukufunda ibhatshathi ngezemidlalo.
Ukuphendula imibuzo enxulumene nebhatshati.
Ukwenza uphando nokusebenzisa iinkcukacha ukwenza ibhatshathi.
Ukwenza umboniso webhatshathi kwiqela.

**40 Ukuthelekisa izinto 84**
Umsebenzi ngeziphawuli zothelekiso.
Ukusebenzisa iziphawuli zothelekiso ukuchaza imifanekiso.
Iziphawuli zothelekiso ezifanele ukukhunjulwa.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**Ukufunda ibali elifutshane nokubhala inkcazelo ngomlinganiswa**
**Ikota yesi-2: Iiveki 3 – 4**

**41 Ukufunda ibali: Wayenjani uLulu? 86**
Ukugqibezela iimpendulo zesicatshulwa esinxulumene nebali.
Kugqaliselwa kwindlela umlinganiswa oyintloko aguquka ngayo ukususela ekuqaleni ukuya ekupheleni kwebali.
Bhala iinkcazo ngabalinganiswa ababini: ngokuziphatha kwakuqala nokwamva.
Ukuyila umdlalo wokulinganisa ubonise abalinganiswa abahlukeneyo ebalini.
Ukusebenzisa iziphawuli nezibaluli ukuchaza umlinganiswa ebalini.

**42 Ukucinga ngebali 88**
Ukubhala idayari ngokokubona komlinganiswa.
Ukuchonga onke amagama achazayo asentyenziswe ekuchazeni abalinganiswa.
Ukuchonga izibizo eziyintloko nezenzi kwizivakalisi.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**43 Ukubhala ibali 90**
Ukwenza isicwangciso sokubhala ibali ngokuchaza nokuphuhlisa umlinganiswa.
Ukusebenzisa isazobe sokucinga ukuchaza iimpawu eziphambili zomlinganiswa.
Ukuchaza indlela aguquke ngayo umlinganiswa ukususela ekuqaleni ukuya ekupheleni kwebali.

**44 Izenzi zenza umsebenzi wazo 92**
Ukubhala izivakalisi ezinxulumene nezenzi eziboniswe kwimifanekiso.
Ukutshatisa izenzi zexesha langoku nelidlulileyo kuze kucinywe izenzi ezingachanekanga.
Ukuvumelana kwesibizo esiyintloko nesenzi. Ukukhetha izenzi ezichanekileyo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**45 Idayari kaMandu 94**
Ukufunda ibali kujoliswe kumlinganiswa oyintloko.
Isicatshulwa esinemibuzo ekhokelayo malunga nabalinganiswa.

**46 Banjani? 96**
Ukushwankathela ibali kwixesha elidlulileyo kwidayari.
Ukuxoxa ngomlinganiswa oyintloko neempawu zakhe.
Ukuchonga iimpawu zomlinganiswa oyintloko uze umchaze usebenzise iziphawuli nezibaluli.
Ukubhala inkcazo ngomlinganiswa oyintloko.
Ukufakwa kweziphumlisi: ingxelo-ntetho kunye neziphelo zezivakalisi.

**47 Izenzi kwakhona 98**
Izenzi zexesha elidlulileyo kwimo emfutshane
Ukuguqula izenzi kwizivakalisi ezikwixesha langoku zibe kwelidlulileyo.
Izivumelanisi zentloko
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**48 Bhala isicwangciso sebali lakho 100**
Ukusebenzisa inkqubo yokubhala, ingxoxo, ukuyila nokuhlela.







# Sazi ntoni ngemozulu?



Masifunde

Masifunde imephu yemozulu.




| Isikhokelo seempawu zemozulu | | | |
|---|---|---|---|
| Umoya | 22 | Lithe gqaba-gqaba ngamafu | |
| Iqondo lobushushu | 20 °C<br>31 °C | Imvula | |
| Imibane neendudumo | | Linelanga | |
| Lisibekele | | Kunkungu | |

Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngemephu yemozulu.


- Ibonisa ntoni itshathi ngemozulu yephondo lakho?
- Ingaba imozulu injalo kanye namhlanje?
- Thetha ngemozulu kwamanye amaphondo.
- Abantu baseMpuma-Koloni baza kunxiba impahla enjani kwimozulu enjengale?
- Kuphi apho imozulu intle khona? Kuphi apho imbi kakhulu khona? Xela isizathu.



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 70 2019/10/21 10:54:20

Umhla:


# Imvula yanyanga zonke: eNewville



Masibhale


Yenza ngathi uza kufunda uqikelelo lwemozulu kumabonakude usebenzisa imephu ekwelinye iphepha. Bhala oko uza kukutsho ngephondo ngalinye.

| Fakela amagama amaphondo. | Chaza imozulu. Qala uxele amaqondo obushushu, uze uxele ukuba ingaba liza kuna, liza kuba namafu okanye kuza kuba shushu. |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |



Masifunde

Funda itshathi ebonisa umthamo wemvula yaseNewville kwiinyanga ezili-12. Thetha nomhlobo wakho ngobungakanani bemvula enileyo kwinyanga nganye.








Masibhale

Phendula le mibuzo.


| | |
|---|---|
| Yeyiphi inyanga eneyona mvula ininzi? | |
| Yeyiphi inyanga ebibalele kakhulu? | |
| Zeziphi iinyanga ezinetha kakhulu? | |
| Ingakanani imvula ene kulo nyaka? | |
| Zeziphi iinyanga ezibe nemvula elinganayo? | |
| Yeyiphi inyanga okanye iinyanga ezingakhange zibenemvula? | |
| Ucinga ukuba leliphi ixesha elilungileyo lokulima? Ngoba kutheni? | |



kushushu



kushushwana



kokona kushushu kakhulu

# 34 Imozulu yanamhlanje imi ngolu hlobo . . .



**Masenze**


Yenza itshathi yemozulu. Sika iimpawu zemozulu ezisezantsi ephepheni uze uzincamathelise kule mephu kumaphondo ahlukeneyo.






**Masithethe**

Wakube uzincamathelisile ezi mpawu, ncokola nomhlobo wakho ngale tshathi yakho yemozulu. Chaza ukuba injani na imozulu kwiphondo ngalinye.






XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 72 2019/10/21 10:54:36


Umhla:



## Masibhale

Yenza ngathi uxelela ababukeli bakamabonakude ngemozulu. Chaza imeko yephondo ngalinye. Kwimeko nganye, nika iingcebiso malunga nempahla abanokuyinxiba kwimeko nganye yemozulu. Baxelele ukuba le mozulu iza kuyichaphazela njani imisebenzi yasekhaya (umz. ukuhlamba impahla), okanye ingaba kufuneka bathambise isikhuseli langa na. Xelela abalimi/amafama ukuba bangalindela imozulu enjani.

| Iphondo | Imozulu |
|---|---|
| 1 | |
| 2 | |
| 3 | |
| 4 | |
| 5 | |
| 6 | |
| 7 | |
| 8 | |
| 9 | |





## Masithethe

Xela ke ngoku uqikelelo lwemozulu.




## Masihlole

| Ingaba | ✓ | ✗ |
|---|---|---|
| ndikwazile ukunika uqikelelo lwemozulu ngokuqiqiweyo? | | |
| Ndinike iinkcukacha ezaneleyo ngemozulu yephondo ngalinye? | | |
| Ndisebenzise ulwimi oluchanekileyo kubantu abadala ababukeleyo? | | |
| Ndisebenzise amagama achanekileyo “emozulu”? | | |
| Bendijonge kubabukeli bam ngexesha ndinika ingxelo? | | |

# 35 Ukuchaza izibizo ngeziphawuli nangezibaluli

**IZICHAZI:** uya kukhumbula ukuba izibizo ngamagama abantu, aweendawo nawezinto. Izichazi zisinika ezinye iinkcukacha ngomntu, ngendawo okanye ngento leyo. Zichaza izibizo.


Zisixelela indlela into okanye umntu akhangeleka, aziva, avakala, anukisa, angcamla ngayo kwaye zinceda ukuba into oyibhalayo okanye oyithethayo inike umdla.



**Masithethe**

Jonga le mifanekiso. Yonke ibhekiselele kwizibizo. Xelela umhlobo wakho ukuba ezi zinto zikhangeleka njani, zinevumba elinjani, zivakala njani esandleni okanye zinencasa enjani.






**Masibhale**

Tshatisa ke ngoku izichazi ezikwikholamu yokuqala nezibizo ezikwikholamu yesibini.

| | |
|---|---|
| ikrumkrum | iti |
| intle | indlela |
| imxinwa | intyatyambo |
| iyabaleka | iziliphasi |
| imnandi | itshokolethi |
| ishushu | inkunkuma |
| lincinci | imoto |
| zifudumele | ikeyiki |
| iyanuka | intshontsho lekati |

Khetha izibini ezihlanu zezibizo nezichazi kolu luhlu lwamagama uze uzisebenzise kwizivakalisi ezihlanu.







XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 74 2019/10/21 10:55:01


Umhla:


**AMAGAMA AMATSHA**



**Amabali angenazichazi awanamdla**

# Awan amDla





Masibhale

Funda ibali elingezantsi. Bhala isichazi kwisibizo ngasinye uze ubone ukuba linika umdla kangakanani na ibali.

Kwakuyimini e ______________ .

Kwakhala iwotshi ______________ .

Ndavuka kwibhedi yam ______________ .


Ndanxiba ibhulukhwe yam ______________ kunye nejezi e ______________ .

Ndasela isiselo ______________ ndaze ndatya isonka ______________ .

Ndakhwela ibhasi ______________ .

Bhala ke ngoku izivakalisi ezisibhozo ubonise ukuba liphela njani ibali. Sebenzisa izichazi uchaze zonke izibizo.


| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |
| |
| |
| |



iyabaleka



iyabaleka kune-



yeyona ibaleka kakhulu



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 75 2019/10/21 10:55:07

# Kwenzeke kwixesha elidlulileyo



**Ixesha elidlulileyo:** Xa sibhala kwixesha elidlulileyo sifakela isimava u-e obonisa imo emfutshane okanye u-ile wemo ende kwisenzi.


Ezinye izenzi zahlukile azikwazi ukuzithatha ezi zimamva, umz. uyahlala - uhleli.



Masibhale

Bhala kwidayari amagama amalunga nama-40 ngokwenze kwimpela-veki edlulileyo. Zonke **izenzi** zakho mazibe **kwixesha elidlulileyo**.




Sisebenza ngamagama

Krwela umgca utshatise izenzi ezikwixesha langoku nezikwixesha elidlulileyo.

| | |
|---|---|
| tya | hlekile |
| hamba | vukile |
| hleka | tyile |
| Vuka | hambile |
| Dlala | qalile |
| Qala | dlale |
| funa | hamba |
| hambile | funile |
| thathe | balekile |
| baleka | thathile |
| qhuba | culile |
| cula | qubhe |
| balekile | qhube |
| qubha | lele |
| thenga | balekile |
| lala | thenge |

Biyela izenzi eziphela ngo-ile uze ukrewele umgca kweziphela ngo-e




XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 76 2019/10/21 10:55:08

Umhla:




Funda i-imeyile kaJimi eya kuMandu. Uyibhale **kwixesha elizayo**. Biyela izenzi ezikwi-imeyile kaJimi. Bhala kwakhona le imeyile **kwixesha elidlulileyo**.




Iya ku- manduK@gmail.com

Ivela ku- jimS@yahoo.com 11 EyoKwindla 2015 15:14

Mandu endimthandayo

Ngomso ndiza kuya kwinkampu yebhola ekhatywayo. Siza kuhamba iiyure ezintathu phambi kokuba sifike apho. Siza kutya isidlo sangokuhlwa sakugqiba ukukhupha izinto zethu kwaye siza kulala emva kokutshona kwelanga. Siza kuvuka ekuseni kwaye siza kutya isidlo sakusasa. Umqeqeshi wethu uza kusibonisa indlela yokwenza imithambo. Siza kudlala imidlalo embalwa yebhola ekhatywayo emva koko siza kubukela iifilimu zebhola ekhatywayo.

Ivela

Jim


Thumela



# 37 Ukufundela ulwazi

**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.



Masifunde

Abafundi abaninzi benza imithambo lonke ixesha bangacingi nokucinga ngoko bakwenzayo. Benza imithambo xa bedlala emabaleni okanye xa bekhaba ibhola esikolweni okanye xa beleqa ibhasi.

Xa usenza imithambo, unceda umzimba wakho womelele ukuze ukwazi ukwenza loo nto ufuna ukuyenza. Zama ukuba ube nento oyenzayo yonke imihla! Kutheni ungaqubhi nje okanye ubaleke, uhamba-hambe, ukhwele ibhayisekile, uzolule, udanise okanye uxhentse, udlale ibhola ekhatywayo okanye eyomnyazi?

**Imithambo yenza intliziyo yonwabe**

Xa usenza imithambo intliziyo yakho impompa ngamandla, uphefumla ngokukhawuleza kwaye umzimba wakho ufumana ioksijini eninzi. Oku kwenza intliziyo yakho yomelele.

**Umzuzu ngamnye wokwenza imithambo ubalulekile.**

**Imithambo yomeleza izihlunu**

Imithambo yenza izihlunu zakho zomelele ngakumbi. Ungenza into eninzi ungaziva kudinwa.

**Imithambo ikwenza uthambe.**

Imithambo nokuzolula kwenza umzimba wakho uthambe. Oku kuthetha ukuba ungakwazi ukushukumisa iingalo zakho nemilenze ngaphandle kokuziva ubambekile okanye unemikhinkqi.

**Imithambo igcina ubunzima bakho bulingene**

Xa usenza imithambo umzimba wakho ugcina umthamo ochanekileyo wamafutha. Oku kunceda ekugcineni ubunzima bakho bulungile – ungabhityi kakhulu kwaye ungatyebi kakhulu.


**Nciphisa ukubukela umabonakude nokudlala imidlalo yekhompiyutha.**

## Impilo yabantwana



Kufuneka abantwana benze imithambo kakhulu kwaye babe nexesha elincinci lokubukela umabonakude.






Masibhale

Funda inqaku uze uphendule le mibuzo.

| Luhlobo luni lwesicatshulwa olu? | |
|---|---|
| A | Yiresiphi |
| B | Yintsomi |
| C | Isicatshulwa esinika ulwazi |
| D | Yinkcazelo |

| Sithi isicatshulwa kufuneka abantwana benze ntoni kancinci? | |
|---|---|
| A | Batye kancinci |
| B | Ukubukela kancinci umabonakude |
| C | Ukwenza imithambo kancinci |
| D | Ukuhamba ngemoto kancinci |






Masithethe

Lo mfanekiso ungezantsi usixelela ngemidlalo ethandwa ngabantwana. Yijonge imizuzwana nje embalwa.










Masithethe

- Olu hlobo lomfanekiso lubizwa ngokuba yibhatshathi. Le yona isichazela ukuba bangaphi na abantwana abathatha inxaxheba kwimidlalo edwelisiweyo.
- Jonga kumgca osezantsi uze uxelele umhlobo wakho ukuba yeyiphi imidlalo ekhankanyiweyo.
- Jonga amanani aphezulu kwicala langasekhohlo uze uxele ukuba ngawaphi amanani axeliweyo.


XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 82 2019/10/21 10:55:56







Masibhale Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Ngowuphi umdlalo onabathathi-nxaxheba abaninzi? | |
| Ngowuphi umdlalo onabathathi-nxaxheba abambalwa? | |
| Bangaphi abantwana abathanda ibhola ekhatywayo? | |
| Bangaphi abantwana abathanda ibhola yomnyazi? | |
| Bangaphi abantwana abathanda ukubaleka? | |
| Bangaphi abantwana abathanda ukuqubha? | |



Masenze Buza abahlobo bakho abalishumi ukuba yeyiphi imidlalo abayithanda kakhulu. Faka umbala kwiibloko ezikwitheyibhile engezantsi ubonise eyona midlalo bayithandayo. Qala ngezantsi kwitheyibhile.




Itheyibhile yakho iza kukhangeleka ngolu hlobo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 10 | | | | |
| 9 | | | | |
| 8 | | | | |
| 7 | | | | |
| 6 | | | | |
| 5 | | | | |
| 4 | | | | |
| 3 | | | | |
| 2 | | | | |
| 1 | | | | |
| | Ibhola ekhatywayo | Ibhola yomnyazi | Ukuqubha | Ukubaleka |



Ngowuphi umdlalo abawuthanda kakhulu? ________________

Ngowuphi umdlalo abawuthanda kancinci? ________________



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 83 2019/10/21 10:55:58

# 41 Ukufunda ibali: Wayenjani uLulu?

**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.




Jonga imifanekiso uze uxelele umhlobo wakho ukuba ucinga ukuba liza kuba ngantoni ibali.



Masifunde

Funda ibali uze ulinike isihloko esifanelekileyo.

**Isiqalo**

ULulu wayengumntwana oneminyaka elishumi othanda izinto zakhe yedwa. Wayehlala kwindlu enkulu kwilokishi entle. Wayengumntwana okuphela kwakhe kowabo etefiswa. Wayesoloko enezinto ezimnandi ezityiwayo, awayedla ngokuzitya yedwa phambi kwabahlobo bakhe angabaphi. Akazange abelane nabo nangezinto zakhe zokudlala.

Ngenye imvakwemini yangoMgqibelo, uAdam noMuzi noKate baya kudlala noLulu. Bagqiba kwelokuba bamfundise isifundo.

**Isiqu**

UMuzi wathatha ibhayisekile yakhe waya kudlala ngayo. Babebolekisana betshintshiselana ukuyiqhuba kuloo ndledlana yakulo Lulu igangathwe kakuhle.

ULulu wacenga abazali bakhe ukuba bamthengele ibhayisekile ngeKrisimesi. Waye waqumba wasisifu xa abahlobo bakhe bengafuni ukumkhwelisa.

"Kufuneka ube neyakho ibhayisekile Lulu; wakhwaza watsho uJohn. Uya kukwazi ngoko ukudlala nathi!"

ULulu waziva edakumbile kwaye edanile. Wayecinge ukuba uya kuba nexesha elimnandi ngaloo mvakwemini, kodwa waziva ediniwe elusizi. Waqonda ngoko ukuba ebebaphethe kakubi abahlobo bakhe nokuba nabo babengonwabanga yindlela awayebaphethe ngayo.

**Isiphelo**

Ngesiquphe kwathi qatha icebo. "Yizani singene endlwini sifumane isiselo kunye nekeyiki yetshokolethi", watsho kubo. "Emva koko singadlala kwikhompiyutha yam".

Abahlobo bakaLulu bamangaliswa kukutshintsha kwakhe ngesiquphe. Yabavuyisa into yokuba uLulu angacingi ngesiqu sakhe kuphela. Bacinga ukuba uza kuqalisa ukudlala nabo ngezinto zakhe kwaye abelane nabo nangeelekese zakhe.

(Ithathwe kwiimviwo zika-ANA zika-2012.)



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 86 2019/10/21 10:56:15

Umhla:








**Masibhale** Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

| Wayengumhlobo onjani uLulu ekuqaleni? | |
|---|---|
| A | Wayenobubele |
| B | Wayezithanda engenasisa |
| C | Wayenobuhlobo enesisa |
| D | Wayekrwada ekhohlakele |

| Wayehlala phi uLulu? | |
|---|---|
| A | Kwilali encinci ethuleyo |
| B | Kwindlela ephithizelayo ngaselwandle |
| C | Kwilokishi entle |
| D | Kwiiflethi eziphakamileyo edolophini |

| Bamtyelela nini uLulu abahlobo bakhe? | |
|---|---|
| A | Ngemva kwemini ethile yangoMgqibelo eyayishushu |
| B | Ngobusuku obuthile bangoMgqibelo obabubanda |
| C | Ngentsasa ethile yangoMgqibelo eyayinomoya |
| D | Ngemva kwemini ethile ukuphuma kwesikolo |

| Bambonisa njani uLulu abahlobo bakhe ukuba into ayenzayo ayilunganga? | |
|---|---|
| A | Zange bamkhwelise ibhayisekile |
| B | Bathetha naye malunga nokwabelana. |
| C | Babefuna ukudlala ngezinto zakhe zokudlala. |
| D | Bamthengela isipho seKrisimesi |

Zeziphi izivakalisi ebalini ezisixelela ukuba uLulu wayezithanda?

Babeziva njani abahlobo bakaLulu ngokuzithanda kwakhe?



**Masenze**

Eqeleni lakho, yenza umdlalo ulinganise eli bali. Kuza kufuneka abalinganiswa abane: uLulu, uMary, uJohn noMuzi.





XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 87 2019/10/21 10:56:17

# Ukucinga ngebali



Masibhale

Zicingele ngathi unguLulu. Bhala umhlathi omalunga namagama angama-40 ushwankathela okwenzeke kuwe namhlanje.

Masibhale

Fakela izichazi ezichaza uLulu ekuqaleni nasekupheleni kwebali.

akanabubele, unobuhlobo, unobuntu, ukwrada, uhlakaniphile, uyazithanda, unobubele, unesisa, ungcolile, uyabawa, unobuhlobo, uyanceda, sisiphukuphuku, uhlakaniphile, uyafekethiswa, unomsindo, uqumbile, wonwabile








XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 88 2019/10/21 10:56:23

Umhla:





Masibhale

Bhala uchaze ukuba uLulu wayengumntu onjani ekuqaleni kwebali. Wakugqiba krwela umgca phantsi kwamagama azizichazi owasebenzisileyo.



Ngoku bhala inkcazelo ngomhlobo wakho wenene. Wakugqiba krwela umgca phantsi kwezichazi ozisebenzisileyo.

**Sijonga izenzi**

Izenzi ngamagama asixelela ngento eyenziwa ngumntu okanye yinto ethile.

Inkwenkwe ikhaba ibhola. Igqabi liwele phantsi.

Isenzi lelona gama libalulekileyo kwisivakalisi; ngaphandle kwalo isivakalisi asibi nantsingiselo, umz. Inkwenkwe ibhola. okanye Igqabi phantsi.


Masibhale

Funda izivakalisi uze ukrwele umgca phantsi kwezenzi. Emva koko biyela umntu okanye into eyenza loo nto. La magama aza kuba zizibizo.

| | |
|---|---|
| ULulu utye itshokolethi namashwamshwam. | Abantwana badlala esitiyeni sikaLulu. |
| ULulu wenze iti. | Inja yaleqa uJohn. |
| Abantwana badlala ngekhompiyutha kaLulu. | Inja iyakhonkotha. |
| ULulu wabelana nabantwana ngezinto zakhe zokudlala. | ULulu ugalele ijusi baze abantwana bayisela ngokukhawuleza. |

# Ukubhala ibali





Masithethe

Cwangcisa ibali elingomntu ofana noLulu othi atshintshe isimo sakhe ebalini.

Sebenza nabahlobo bakho niqambe ibali elingomntu ongenabubele kodwa otshintsha abe nobubele kamva.



Masibhale

Gqibezela esi sazobe sokucinga ulungiselele ibali lakho.

- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Ngubani umlinganiswa ophambili, ngoobani abanye abalinganiswa?

Unjani umlinganiswa ophambili ekuqaleni kwebali?



Isihloko

______________

______________

Yintoni emenza atshintshe?

Unjani umlinganiswa ophambili ekupheleni kwebali?



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 90 2019/10/21 10:56:29

# 44 Izenzi zenza umsebenzi wazo



Masithethe

Wena neqabane lakho, jongani umfanekiso nize nixele ukuba zingaphi izinto ezenziwayo enizibonayo kuwo. Khangela izinto ezenziwayo ezifana nokukhaba okanye ukubaleka. Zizenzi ke ezo.





Masibhale

Fakela izenzi kwikholamu yokuqala uze ubhale isivakalisi usebenzise eso senzi. Bhala izivakalisi kwixesha langoku.

| | |
|---|---|
| Khaba | Yena ukhaba ibhola. |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |

Bhala ezi zivakalisi kwakhona kwixesha elidlulileyo.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |
| |



Umhla:

AMAGAMA MATSHA

Masibhale

Jonga uluhlu lwezenzi ezikwixesha langoku nelidlulileyo. Khetha zonke izenzi ezikwixesha langoku uze uzibhale kule theyibhile ingezantsi.

utya, ubhala, uva, uselile, uthethile, usele, ulele, uhambe, usela, babamba, utyile, bathatha, ubambile, ulwe, ufundisile, ulwile, ubhale, bacinga, uhlalile, uthetha, uvile, zifundisa, udlalile, ubuzile, uyazi, bathathe, wazile, ucingile

| Ixesha langoku | Ixesha elidlulileyo | Ixesha langoku | Ixesha elidlulileyo |
|---|---|---|---|
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |

Masibhale

Guqula ke ngoku ezi zenzi uzibhale kule theyibhile zibe kwixesha elidlulileyo.



Fakela isenzi esivumelana nentloko yesivakalisi.

| | |
|---|---|
| ufuna, bafuna, afuna, | UJabu ______________ukuthenga ibhodi yokutyibiliza entsha. |
| | La makhwenkwe mabini ______________ukuthenga iibhodi zokutyibiliza ezintsha. |
| zilele ilele | Inja encinci emhlophe ______________phantsi kwebhedi kaMandu. |
| | Izinja ezinkulu ______________esitiyeni. |
| ithanda bathanda | Inkwenkwe ______________iilekese. |
| | Abantwana ______________iilekese. |
| ukhwela bakhwele | UAnna ______________ibhayisekile yakhe. |
| | UAnna noMandu ______________iibhayisekile zabo. |
| siya uya | Yena ______________esikolweni ngoku. |
| | Thina ______________esikolweni ngoku. |

# Idayari kaMandu



**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.


**Ngeli xesha ufundayo**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.


Masithethe

Jonga isihloko nemifanekiso uze uchaze ukuba liza kuba ngantoni ibali.

Unayo idayari?

Babhala ntoni abantu kwiidayari zabo?


Masifunde



UMandu ebethanda ukubhala kwidayari yakhe yonke imihla. Usuku ngalunye ebebhala loo nto ayenzileyo ngexesha lasemini. Ukwabhale namahlebo akhe angafuniyo ukuba abonwe ngabanye abantu. Ebesazi ukuba kufuneka abe nendawo anokuyifihla kuyo. Wakhangela egumbini lakhe lokulala indawo anokuyifihla kuyo, apho ingenakufunyanwa ngomnye umntu. Ekugqibeleni wagqiba kwelokuba ayifihle phantsi kwebhedi yakhe.

Ngenye injikalanga, xa uMandu noAnna umhlobo wakhe babevela esikolweni, uMandu wabona idayari yakhe ivulekile phezu komgangatho wegumbi lakhe lokulala. "Hee, jonga Anna! Kukho umntu obefunda idayari yam!"

"Ungakhathazeki," uAnna wamcebisa ngelitshoyo. "Khangela enye indawo engcono onokuyifihla kuyo."

Bayihlola idayari. "Jonga le minwe imdakana ilapha," watsho uAnna. "Ngumkhondo olungileyo lo."

"Ndiqinisekile ngumnakwethu omncinci, uThabo," watsho uMandu. "UThabo soloko eneminwe emdaka." Kodwa uye wakhumbula ukuba umnakwabo lo uneminyakana nje emihlanu kwaye akakakwazi ukufunda.



Waqaphela iinwele ezimhlophe phakathi kwamaphepha edayari. "Ngumkhondo obalulekileyo lo," utshilo. "Ngumntu oneenwele ezimhlophe lo ufunda idayari yam. Wonke umntu wasekhaya uneenwele ezimnyama. Inokuba ngubani? Ngubani endimaziyo oneenwele ezimhlophe?" wabuza ejonge iinwele zika-Anna ezimhlophe.

La mantombazana mabini agqiba kwelokuba athiyisele. UMandu wabuyisela idayari yakhe phantsi kwebhedi. Wafafaza umgubo phantsi ecaleni kwebhedi yakhe.

Ukuba kukho okhe wasondela kuloo dayari, baya kumbamba ngemizila yeenyawo kuloo mgubo. Alishiya ke igumbi amantombazana aza azimela ekoneni alinda!



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 94 2019/10/21 10:56:51

Umhla:



Ngesiquphe beva ukurhwashazela egumbini lokulala. Babaleka kwangoko ukuya egumbini likaMandu. Babone ntoni?

Umgangatho wawuzele ngumkhondo wamaphupha. Wayelapho nalo moni! UZola, inja kaMandu eyayinoboya obude obumhlophe wayedlala ngaloo dayari! Zange akholwe la mantombazana.

NguZola lo ufunda le dayari! "Kwixesha elizayo, watsho uAnna, ebambe iinwele zakhe, kuza kufuneka ukhangele eyona ndawo ingcono onokufihla kuyo idayari yakho."

Lithathwe kwiimviwo zeANA zika-2012 yaze yalungiswa.




Masithethe

Ngoobani abalinganiswa abaphambili ebalini?

Sithini isakhiwo sebali?

Chaza Isimo sentlalo , lenzeka phi ibali?



Masibhale

Funa igama ebalini elithetha into enye nala magama:

onetyala ______ umzila ______ ikamire ______

Kutheni le nto uMandu wayefuna ukufihla idayari yakhe?

______

______

Kutheni le nto wayerhanela umnakwabo omncinci uThabo?

______

______

Bathiyisela njani?

______

______

Kutheni le nto wayerhanela noAnna?

______

______

UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 95
2019/10/21 10:56:53

# 46 Banjani?




Faka iinombolo kwezi zivakalisi uqale ku-1 uye kwisi-6 ubonise ukuhamba kwebali.

| | |
|---|---|
| ◯ Wafumana unwele olumhlophe kwidayari. | ◯ Wafihla idayari. |
| ◯ Wabona iminwe kwidayari yakhe. | ◯ Wabona inja yakhe idlala ngedayari yakhe. |
| ◯ Wafumanisa ukuba kukho umntu ofunde idayari yakhe. | ◯ Wathiyisela ngokufafaza umgubo phantsi. |




Yiba ngathi unguMandu. Bhala kwidayari isishwankathelo sento eyenzeke kuwe namhlanje. Sebenzisa ixesha elidlulileyo.







Thetha neqela lakho ngesimo sikaMandu.
Thetha ngento eththwa nguMandu nayenzayo.
Sazi njani ukuba uMandu akatyhafi lula?
Sazi njani ukuba ulichule ekwenzeni amacebo?
Ukhangeleka njani?




Fakela izichazi ezichaza uMandu.



AMAGAMA MATSHA



Masibhale

Bhala umhlathi uchaze uMandu.

UMandu ngumntu onika umdla. U ...


Bhala ezi zivakalisi kwakhona kwingxelo-ntetho.

"Thabo, ithathwe nguwe idayari yam?"



UMandu ubuzile

"Hayi. Ndineminyaka emihlanu andikakwazi ukufunda."



UThando uphendule

Kufuneka senze ntoni ngale mvakwemini?"



UAnna ubuzile



Masibhale

Faka iziphumlisi noonobumba kwezi zivakalisi.

ukuphuma kwesikolo la mantombazana mabini akhwele ibhasi aze ahamba ngeenyawo ukusuka esitophini sebhasi ukuya kulomandu

endleleni bangene evenkileni baze bathenga iyogathi iibhanana nobisi

bahle ngesitalato imandela street baze bajika bangena kwisitalato ififth avenue

UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 97 2019/10/21 10:57:06

# Izenzi kwakhona



Ufunde ukuba sifakela u-ile okanye u-e kwisenzi xa sibonisa ixesha elidlulileyo. Kwakhona uyazi ukuba zikhona izenzi ezingakwaziyo ukuzithatha ezi zimamva. Kufuneka uzifunde uzazi nazo.




Funda la magama.

| | |
|---|---|
| ukuhlutha | uhluthi |
| ukuma | umile |
| ukuhlala | uhleli |
| ukuhambela | uhambele |
| ukumila | umithi |
| ukutsho | utshilo |

| | |
|---|---|
| uyabhabha | ubhabhile |
| uyahamba | uhambe |
| ucula | ucule |
| uqhuba | uqhube |
| uyathatha | uthathe |
| nika | nikile |

| | |
|---|---|
| fumana | fumene |
| bamba | bambile |
| bambana | bambene |
| qhelana | qhelene |
| bulala | bulele |
| lala | ulele |

Landela le mizekelo ingasezantsi ugqibezele ezi zivakalisi ngokwexesha olinikiweyo.

Namhlanje ndihambela kwamakazi

Izolo

Namhlanje

Izolo ndiqhube inqwelo-mafutha

Namhlanje ndifumana umsebenzi

Izolo




Biyela isivumelanisi esichanekileyo kwezi zivakalisi zilandelayo.

Uza kuqaphela ukuba ezi zivakalisi zibhalwe kwixesha langoku. Zibhale kwakhona kwixesha elidlulileyo. Sebenzisa uluhlu lwamagama angasentla akuncede.

UMandu **u**/**baya**fumana ukuba kukho umntu ofunde idayari yakhe.

Izolo

Mna **ba**/**ndi**khwela ibhayisekile kaJimi.

Izolo



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 98 2019/10/21 10:57:09

Umhla:

AMAGAMA AMATSHA

Amantombazana amabini **ba**/**a**bamba uguluva.

Izolo

Abantwana **ba**/**u**buyela esikolweni.

Izolo

Iqela lebhola ekhatywayo **li**/**ba**dlalela indebe.

Izolo

Thina **ba**/**si**hamba nomqeqeshi wethu omtsha.

Izolo

Mna **si**/**nd**ithenga ubhaka omtsha.


Izolo



Masonwabe

Nceda uMandu alandele umkhondo wamathupha.






UTITSHALA: Sayina Umhla



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 99 2019/10/21 10:57:28



## Siyahlola

| Ndiyakwazi | 🙂 | 🙁 |
|---|---|---|
| ukufunda itshathi yemozulu. | | |
| ukufunda ibhatshathi. | | |
| ukufunda isicatshulwa esinika ulwazi. | | |
| ukufunda amabali. | | |
| ukuzoba itshathi. | | |
| ukucwangcisa ibali ze ndilibhale. | | |
| ukucwangcisa incwadana enika ulwazi ze ndiyibhale. | | |
| ukubhala umhlathi. | | |
| ukuqikelela amabali neziphelo zawo. | | |
| ukushwankathela ibali. | | |
| ukubhala iimpawu zomlinganiswa. | | |
| ukusebenzisa izichazi. | | |
| ukusebenzisa izenzi eziqhelekileyo nezinxaxhileyo. | | |
| ukusebenzisa ixesha langoku, elidlulileyo nelizayo. | | |
| ukubhala umhlathi. | | |
| ukuchonga izenzi. | | |
| ukuqinisekisa isivumelanisi sentloko. | | |
| ukusebenzisa ingxelo-ntetho. | | |

**AMAGAMA AMATSHA**



XHO HL Gr4 B1 TH3.indd 102 2019/10/21 10:57:35

# Iziqulatho

## Umxholo 4: Amabali neentsomi



### Iintsomi ezidumileyo
### Ikota yesi-2: Iiveki 5 - 6


**49 Ukufunda iintsomi** 104

Iinkcukacha ngeentsomi ezidumileyo
Imisebenzi yaphambi kokufunda enxulumene nemifanekiso, izihloko nezikhokelo ezahlukileyo.
Khupha ibali ngokulisika uze ulisonge uliqhoboshe wenze incwadi.
Funda ibali lengxoxo phakathi *komvundla kunye nofudo*.
Zalisa amaqamza entetho angenanto kunye neebhokisi zamagama ezingenanto ugqibezele ibali.

**50 Emva koqqatso** 107

Ingxoxo ngebali, abalinganiswa, isimo sentlalo nesakhiwo sebali.
Abafundi mabazobe umzila wogqatso ngokwenkcazo esebalini.
Ukuqonda: ukuphendula imibuzo ekukhethwa impendulo kuyo.
Ukusebenzisa iziphawuli okanye izibaluli ukuchaza umvundla nofudo.
Bhala inkcazo ngomlinganiswa omnye.

**51 Ukuxela iindaba** 108

Ukushwankathela ibali ngokulandelelana kweziganeko ngokusebenzisa izihlanganisi: Kuqala, kwaze, emva koko okokugqibela.
Ukulungiselela ukuba ngumsasazi wezemidlalo onika ingxelo ngogqatso phakathi komvundla nofudo.
Ukubhala iingongoma zengcaciso.
Ukuqwalasela ingcaciso yomntu ngokusebenzisa uludwe oluqwalaselwayo.
Intshayelelo yezenzi ezikwaziyo ukuzimela zodwa.
Ukukrwela umgca phantsi kwezenzi uxele nexesha.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

**52 Izenzi ngamagama** 110

Bhala umhlathi ochaza into oyenze kwimpelaveki ephelileyo. Krwela umgca phantsi kwezenzi ezikwixesha elidlulileyo. Bhala umhlathi uchaze oza kukwenza kwiiholide zesikolo ezizayo. Krwela umgca phantsi kwezenzi ezikwixesha elizayo. Bhala umhlathi ngento eyenzeka eklasini ngoku. Krwela umgca phantsi kwezenzi zexesha langoku.
Dlalani umdlalo wogqatso lwezenzi ezizincedisi.

**53 Isele nenkumba** 112

Phambi kokufunda: ukujonga imifanekiso nokuthelekelela ukuba ibali liza kuba malunga nantoni.
Ingxoxo ngabalinganiswa, ngesakhiwo sebali, isimo sentlalo nesiphelo.

**54 Ucinga ngenkumba nesele** 114

Sebenzisa izihlanganisi nesikhokelo sokubhala esinemizobo ukuze ubhale ibali.

**55 Iintloko, izenzi neenjongosenzi** 116

Intshayelelo yesibizo esiyintloko nesiyinjongosenzi.
Ukukrwela umgca phantsi kwentloko, isenzi kunye nenjongosenzi kwizivakalisi.
Intshayelelo yezenzi ezikhatshwa ziinjongosenzi nezingazithathiyo iinjongosenzi.
Ukuthelekisa izenzi ezikhatshwa ziinjongosenzi nezingazithathiyo iinjongosenzi.
Ukufuna nokukrwela umgca phantsi kwezenzi ezikhatshwa ziinjongosenzi nezingazithathiyo iinjongosenzi kwizivakalisi.
Bhala kwidayari uchaze okwenze kwimpelaveki ephelileyo. Chonga izenzi zexesha elidlulileyo neenjongosenzi kwiingongoma ezikwidayari.

**56 Uthetha ukuthini?** 118

Ukuxoxa ngezaci, ukubhala iintsingiselo zazo nokuzoba umfanekiso wokuzibonisa.


### Isicatshulwa semiyalelo
### Ikota yesi-2: Iiveki 7 - 8


**57 Ukwenza iikhrampethi** 120

Ukuthetha ngezithako, indlela yokwenza nezixhobo zokusebenza.
Ingqiqo ngokulandelelana kwemiyalelo.
Ukuqonda iziyaleli.
Ukuthetha ngesigama namagama asetyenziswe kwizifundo.

**58 Ndibhala iresiphi yam** 122

Bhala iresiphi ngokusebenzisa isikhokelo osinikiweyo. Bandakanya izithako, indlela yokwenza nezitya zokusebenza.
Chonga uze ukrwele umgca phantsi kwazo zonke izenzi ezisetyenziswe kwiresiphi.
Intshayelelo yezihlomelo.
Ukusebenzisa izihlomelo kwizivakalisi.
Funa uze ukrwele umgca phantsi kwezihlomelo ezisetyenziswe kwizivakalisi.
Gqibezela izivakalisi ngokuqala ngezihlomelo.

**59 Ukunika imiyalelo** 124

Ukwalathisa indlela eya kwiindawo ezahlukeneyo esikolweni ngomlomo.
Zoba imephu yesikolo sakho uze ubonise indlela esuka esangweni iye kwiindawo ezahlukileyo esikolweni.
Ukuhlahlelwa kwegama. Ukuhlahlela amagama ngokwamalungu awo nokubala amalungu egama.

**60 Ukufunda imephu** 126

Ukunika iimpendulo zemibuzo esekelwe kwimifanekiso ngomlomo nangokubhala.
Ukudlala umdlalo wamaxesha nokuziqhelanisa ngokuwathetha ngomlomo, elangoku, elizayo nelidlulileyo.

**61 Zifumaneka phi?** 128

Funda imephu ngokusebenzisa izimvo ezimbini ezahlukeneyo.
Ukuthelekisa izimvo nokuphendula imibuzo ngazo.
Intshayelelo yeentsizasenzi.
Ukugqibezela izivakalisi ngokusebenza iintsizasenzi.
Ukubhala izivakalisi ngokusebenzisa iintsizasenzi.

**62 Ukwalathisa indlela** 130

Ukunika imiyalelo yokwalathisa ngomlomo ngokusebenzisa izikhokelo zemephu ezibini ezahlukileyo.

**63 Cinga eyakho iresiphi** 132

Ukusebenzisa imifanekiso ukuze ubone amanyathelo alandelelanayo eresiphi.
Ukubhala imiyalelo yokwenza umsebenzi wobugcisa.

**64 Masibhale incwadi** 134

Ukusebenzisa isazobe sokucinga ukuze ubhale isicwangciso sebali.
Ukubhala ibali elisekelwe kwisazobe sokucinga.






XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 103 2019/10/21 10:54:26

# 49 Ukufunda iintsomi



Masifunde

Kwikota yokuqala ufunde intsomi engeNkwenkwe eyakhwaza isithi "ingcuka". Kwezi veki zimbini siza kuqwalasela ezinye iintsomi.



## Yintoni intsomi?

Intsomi libali elingezidalwa ezinemilingo, izilwanyana, izityalo neendawo. Ibalisa ibali elinomyalezo ofundisayo. Iintsomi ezininzi zindala kakhulu yaye zininzi, Umzekelo, Inkwenkwe eyakhwaza isithi "isipheke-pheke", ibaliswa kule mihla kwangaloo myalezo. Zibanezilwanyana ezikwaziyo ukuthetha, neendawo zendalo eyimveli ezinamahlathi nemilambo.



Masithethe

- Jonga imifanekiso ekwiphepha elilandelayo. Ingantoni le ntsomi?
- Ingaba ibandakanya izilwanyana ezikwaziyo ukuthetha?
- Jonga kulo mfanekiso uze uxele ukuba kuphi na apha, kwaye kwenzeka ntoni na kweli bali.
- Lisuse iphepha elilandelayo encwadini yakho. Sika iphepha kwimigca ebomvu uze ulisonge kwimigca emnyama ukuze wenze incwadi. Wakugqiba ukwenza oku, funda ibali neqela lakho. Fakela amagama kumaqamza entetho avulekileyo. Kwakhona fakela naziphi izinto ezingekhoyo kwibali lakho kwimigca evulekileyo.



Masenze

Emva kokuba ulifundile ibali, sebenzisa inkcazelo leyo ekuzobeni ibala lomdyarho apho umvundla nofudo bababambela khona umdyarho wabo.



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 104 2019/10/21 10:54:31


Izilwanyana zaziqhwaba ngemincili zikhwaza ukufika kofudo entanjeni. Zazikhwaza kakhulu kangangokuba ingxolo yaviwa zizilwanyana ezikwelinye ihlathi kwiikhilomitha ezininzi. Lathi ibhere xa lalinikezela indebe kufudo:




8

Inyathelo lesi-2: Goba emgceni wamachaphaza.

Inyathelo lesi-3: Qhobosha kweli cala.




1

Inyathelo loku-1: Goba kumgca wamagcaphaza.


Umvundla wabaleka walushiya ufudo. Wawumana ujonga ngemva ukhangela ufudo. Wawuluhleka ugigitheka.



5

Ekugqibeleni lwafika usuku logqatso. Zonke izilwanyana zehlathi zeza zizokuxhasa umvundla. Zazikhwaza zonwabile ziphephezelisa iiflegi zazo. Ezinye zazivuthela iivuvuzela zicula namagwijo.

Ibhere elalongamele ugqatso lakhwaza lathi, "Guqa, lunga, Baleka!".




4




Umvundla nofudo babehlala ehlathini. Umvundla ubuzidla kakhulu ngesantya sawo. Ubusoloko uhlekisa ngofudo kuba lucotha kakhulu.

Wothuka awakholwa xa ufudo lucela umngeni kuwo lufuna bakhuphisane. "Siya kubaleka ebaleni sinqumle ibalana leminqathe sinyuke ukuya kwidanyana lamadada," watsho.

Zakhawuleza zanwenwa iindaba zogqatso kwihlathi lonke. Zonke izilwanyana neentaka zeva ngolu gqatso.

2



Umvundla wenza isigqibo sokuba wenze imithambo ukuze umzimba wawo ulungele ugqatso.

3

Izilwanyana zazivuya kakhulu zaza zaqala ukuqhwaba xa zibona ufudo lusondela entanjeni. Zazikhwaza zivuthela iivuvuzela zazo.

Ingxolo yavusa umvundla ulele. Ufudo lwalusele lufikile entanjeni! Waxhuma wabaleka uleqeka emva kwalo.



7




Umvundla wakholelwa ukuba uluphumelele ugqatso. Wagqiba kwelokuba uziphole apho phantsi komthi umamele umculo. Wawucinga ukuba uza kuthi xa lusondela ufudo utsibe ubaleke ukuya entanjeni.

6



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 106 2019/10/21 10:54:40




Funda le mibuzo uze ubiyele unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

| Ngoobani abalinganiswa abaphambili bale ntsomi? | |
|---|---|
| A | Ufudo nebhabhathane |
| B | umvundla nofudo |
| C | ibhere nofudo |


| Yenzeka kweyiphi indawo le ntsomi? | |
|---|---|
| A | ehlathini |
| B | kumyezo wezilwanyana |
| C | eKruger Park |

| Yeyiphi kwezi zilandelayo echaza kakuhle umlinganiswa ongumvundla? | |
|---|---|
| A | unobubele yaye unenkathalo ngabanye |
| B | unentliziyo embi yaye akanabubele |
| C | uyazingca yaye unekratshi |

| Ithini imfundiso yeli bali? | |
|---|---|
| A | Ukuba ucela uncedo akukho mntu uya kukunceda. |
| B | Ukubheka phambili uthe chu kuko okwenza uluphumelele ugqatso. |
| C | Kufuneka unyaniseke. |

Uyavuma ukuba eli bali yintsomi? Chaza ukuba ngoba kutheni.

Cinga ngezichazi ezichaza izimo zomvundla nofudo. Zibhale phantsi ezibhokisini.





Sebenzisa amanye amagama akumsebenzi ongaphambili ubhale umhlathi ochaza omnye waba balinganiswa.

# Ukuxela iindaba





Masibhale

Shwankathela ibali lomvundla nofudo ngezivakalisi ezisibhozo.

Ekuqaleni

Kwaza

Emva koko

Ekugqibeleni



Masithethe

Yenza ngathi ungumsasazi wezemidlalo yaye kufuneka unike ingxelo ngogqatso phakathi komvundla nofudo. Ubuya kuthini?

Nika ingxelo kwiqela lakho.

Bhala phantsi iingcinga ezithile.

*Nazi ke iindaba zezemidlalo zanamhlanje. ____________ unika ingxelo. Ugqatso phakathi komvundla nofudo luqhubeke kwiHlathi leMithi eLuhlaza namhlanje.*



## Siyahlola

| Ingaba | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Ndizichaze iindaba zezemidlalo ngokulandelekayo, nangendlela elandelelana kakuhle? | | |
| Ndinike ingcaciso eyaneleyo ngogqatso, ngabalinganiswa nendawo oluqhubeka kuyo? | | |
| Ndisebenzise ulwimi oluchanekileyo lwabantwana? | | |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 108 2019/10/21 10:54:50

Umhla:

# Okunye ngezenzi

Isenzi ligama elibonisa isenzo esenziwa sisibizo okanye isimelabizo. Isenzi siye singqinelane nesibizo okanye isimelabizo ngesivumelanisi sentloko. Zitshintsha ngokwamaxesha nangokweentlobo zezenzi.

Izolo ndihlambe izitya. Namhlanje ndihlamba izitya.



Masibhale

Krwela umgca kwizenzi ezinezivumelanisi kwezi zivakalisi. Ngoko ke xela ukuba zikweli phi na ixesha, eladlulayo, elangoku, elizayo.

| | Ixesha lesenzi |
|---|---|
| Ndiya evenkileni. | |
| Uya kubona ugqirha. | |
| Baya esitediyam. | |
| Udlala isoka. | |
| Ndatya intlanzi. | |

| | Ixesha lesenzi |
|---|---|
| Uhamba aye esitophini sebhasi. | |
| Wasela ubisi. | |
| Babukele umabonakude | |
| Ndikhwele ibhayisekile yam. | |
| Uhlamba amazinyo akhe. | |

Sebenzisa ezi zenzi kwizivakalisi uze uxele amaxesha azo.

unika, wahamba, wanika, watya, bahamba, baleka, wabaleka, itya



| | Ixesha lesenzi |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |

UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 109 2019/10/21 10:54:52

Umhla:

# Izenzi ezikwixesha eladlulayo





Masonwabe

Baleka ugqatso. Funda ixesha langoku nexesha eladlulayo lesenzi ngasinye kwibala lokubaleka elimthubi. Umhlobo wakho makafunde amagama kumzila ozuba. Jonga ukuba ngubani na ophumelelayo. Emva koko gqumani ikholam yexesha eladlulayo nize nibuzane ukuba lithini ixesha eladlulayo lesenzi ngasinye.

| | | | |
|---|---|---|---|
| uthenga | wathenga | uhla | wehla |
| utsala | watsala | ucula | wacula |
| uqhuba | waqhuba | ugcina | wagcina |
| utya | watya | ufika | wafika |
| uwa | wawa | uhlamba | wahlamba |
| utyisa | watyisa | uhlawula | wahlawula |
| uva | weva | ubaleka | wabaleka |
| ufumana | wafumana | ubona | wabona |
| ubhabha | wabhabha | uthumela | wathumela |
| uluma | waluma | ushukumisa | washukumisa |
| uthenga | wathenga | uhlala | wahlala |
| ukhula | wakhula | ulala | walala |
| usika | wasika | uthetha | wathetha |
| ubuka | wabuka | uma | wema |
| ufihla | wafihla | upheka | wapheka |
| utsala | watsala | uqubha | waqubha |






XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 111 2019/10/21 10:54:55

# 53 Isele nenkumba

**Masithethe**

Thetha neqabane lakho ngemifanekiso yekhathuni ebalisa okuthile. Ibalisa ibali elifana nebali elingomvundla nofudo. Jonga kule mifanekiso uze uqashele ukuba ibali lingantoni na.




**Masibhale**

Ngoobani abalinganiswa?

Lenzeka phi ibali?

Sithini isakhiwo sebali?


Sithini isiphelo?

- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 112 2019/10/21 10:55:06

# Ucinga ngenkumba nesele



**Masifunde**

Fundela iqela lakho amabali ngokuvakalayo. Ingaba la mabali ayafana? Ahluke njani?





**Masenze**

Linganisa ibali kunye neqela lakho. Kuza kufuneka inkumba, isele nombalisi obalisa ibali.





**Masibhale**

Lifunde ibali lakho uze ubhale uluhlu lwezenzi ozisebenzisileyo. Biyela zonke ezo zikwixesha eladlulayo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| | | | |
| | | | |



**Masithethe**

Yenza ngathi ungumsasazi wezemidlalo yaye kufuneka unike ingxelo ngogqatso phakathi kwenkumba nesele. Ubuya kuthini?

Nika ingxelo kwiqela lakho.

*Nazi ke iindaba zezemidlalo zanamhlanje. ____________ unika ingxelo. Ugqatso phakathi kwenkumba nesele luqhubeke kwilali yaseGreen Village namhlanje.*



Bhala phantsi iingcamango ezithile.

## Masihlole


| Ingaba | ✔ | ✘ |
|---|---|---|
| Ndizichaze iindaba zezemidlalo ngokulandelekayo, ngendlela elandelelana kakuhle? | | |
| Ndinike ingcaciso eyaneleyo ngogqatso, abalinganiswa nendawo oluqhubeka kuyo? | | |
| Ndisebenzise ulwimi oluchanekileyo lwababukeli abalulutsha? | | |

Umhla:

# Ezinye izenzi

Nalu uluhlu lwezenzi ezizodwa ezibizwa ngokuba zizenzi zexesha elimiyo. Ezi zizenzi ezifana nezi ba, fana, qonda, azi, ezisetyenziswa ubukhulu becala ukuthetha ngemeko ethile, endaweni yesenzo esithile.

Umzekelo: *ndiyazicaphukela iilekese* (caphukela sisenzi sexesha elimiyo) ukuze *esithi ndiyazitya iilekese* (u-tya abe sisenzi esichaza isenzo)



Masibhale

Fakela isenzi esivumelana nentloko yesivakalisi.

| | |
|---|---|
| vuma | Ndiya ______________ ukuba sinomsebenzi wesikolo wasekhaya omninzi. |
| uyavuma | Yena ______________ ukuba ndize. |
| kubonakala | ______________ ngathi iyana. |
| babonakala | Bona ______________ ngathi balahlekile |
| kholelwe | Andizange ndizi ______________ ezo ndaba. |
| kholelwa | Yena wazi ______________ iindaba. |
| ubetha | Utitshala______________ inkwenkwe egezayo. |
| babetha | Bona ______________ abantwana abangenatyala. |
| lutya | Ufudo ______________ ingca. |
| litya | Ihashe ______________ ilusini. |
| ucaphukela | Yena ______________ imozulu ebandayo. |
| sicaphukela | Thina ______________ imozulu eshushu. |
| zithanda | Izinja ______________ amathambo anenyama. |
| luthanda | Usana ______________ iilekese. |
| afike | Umalume ______________ izolo ngebhasi. |
| ufikile | Amahashe ______________ ngeenqwelo ezilishumi. |
| ibilile | Le ti ______________andiyifuni. |
| abilile | La manzi ______________ ungawagalela. |



Ngoku yenza izivakalisi ezizezakho usebenzise ezi  ziqu zezenzi.

| | |
|---|---|
| thanda | |
| linganisa | |
| buka | |
| khumbula | |
| nukisa | |
| ngcamla | |

UTITSHALA: Sayina ______________ Umhla ______________



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 115 2019/10/21 10:55:15

# Iintloko, izenzi neenjongosenzi






Funda ezi zivakalisi nomhlobo wakho.

Krwela umgca obomvu phantsi kwentloko. Intloko ngumntu okanye into eyenza okuthile.

Krwela umgca ozuba phantsi kwesenzi. Isenzi ligama elichaza into eyenzekayo.

Krwela umgca oluhlaza phantsi kwenjongosenzi. Oku kukuxelela into echaphazeleka kokwenziwa sisenzi.






| |
|---|
| Iikati zileqa iimpuku. |
| UAnna wamthanda uJabu. |
| Umpheki wodumo wakutshisa ukutya. |
| Inkwenkwe yayophula ifesitile. |
| Intombazana yayibhabhisa ikhayithi. |
| Sabhaka ikeyiki. |




Funa izenzi kwezi zivakalisi uze uzikrwelele umgca ngaphantsi. Emva koko biyela injongosenzi.

Ezinye izenzi azinantsingiselo ngaphandle kokuba zibenenjongosenzi.
Zibizwa ngokuba zizenzi ezithatha injongosenzi.


| | |
|---|---|
| Wophula ifesitile. | Ndayizalisa iglasi yam. |
| Wahlamba ubuso bakhe. | UMandu wayifihla idayari yakhe. |
| Ibhere laqalisa ukubaleka ugqatso. | UAnna wabhala i-imeyili. |

Ngoku jonga kwezi zivakalisi. Krwela umgca kwintloko nesenzi. Ezi zivakalisi azinayo injongosenzi.

Izenzi ezingathathi njongosenzi azifuni njongosenzi ukuze intsingiselo yazo iphelele.



| | |
|---|---|
| Uyafunda. | Inja iyalala. |
| Siyatya. | Bayasebenza. |
| Uyakhala. | Bayabaleka. |
| Ikati iyavuya. | Isikhephe siyazika. |





XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 116 2019/10/21 10:55:29




Funa izenzi kulo mhlathi uze uzikrwelele umgca ngaphantsi.

| |
|---|
| Bendifuna ukucula ekonisathini kodwa bekufuneka ndiye kugqirha. |
| Itekisi ayikhange ifike ngoko ke kwafuneka ndihambe ngeenyawo. Ugqirha ucebise ukuba kufanele nditye imifuno kakhulu. Ndiza kuyilima egadini yam. |




Bhala kwidayari yakho uchaze oko ukwenzileyo kule mpelaveki idlulileyo. Xa sele ukwenzile oku, krwela umgca obomvu kwintloko, ozuba kwisenzi noluhlaza kwinjongosenzi.






XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 117 2019/10/21 10:55:35

# Uthetha ukuthini?







Thetha neqela lakho ngeyona ntsingiselo yokwenyani yezaci ezibhalwe ngqindilili. Emva koko bhala loo nto ithethwa zezi zaci.

Izaci ziintetho ezinentsingiselo eyahlukileyo kuloo ntsingiselo iqhelekileyo yamagama. Sizisebenzisa amaxesha amaninzi xa sithethayo.




Utata **unesandla esihle**. Igadi yakhe ichumile.





UVuvu noSibu **bayinyoka nesele**. Ungaze ubadibanise.

Laa mfo **unenzondo yemfene**. Akayilibali into ayenziwe ngumntu.





**Ndandinamanwele** ndaze ndakhwaza ubhuti.

Hayi wethu ungade uqumbe **bendikutsala** nje.





**Iqhinga limke nenja** mfo kabawo kwakufuneka uxoze mphini wumbi.



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 118 2019/10/21 10:55:44

# 57 Ukwenza iipankeyiki




Funda iresiphi uze uphendule imibuzo:



## Iresiphi yeepankeyiki




### Izithako

- 4 amacephe ebhotolo
- 1 ikomityi yomgubo wengqolowa
- 3 amacephe eswekile
- Intwana yetyuwa
- 2 amacephe egwele lokubhaka
- 2 amaqanda
- 1 ikomityi yobisi
- $\frac{1}{2}$ yecephe le-vanilla essence

### Indlela yokwenza

1. Nyibilikisa ibhotolo kubushushu obuncinci.
2. Xuba izithako ezomileyo esityeni sokuxubela.
3. Xuba izithako ezimanzi kubandakanywa ibhotolo enyibilikileyo kwesinye isitya esincinanana.
4. Galela izithako ezimanzi esityeni sezithako ezomileyo uze uzamise kangangomzuzu.
5. Galela amacephe azeleyo omxube kwipani eshushu.
6. Xa kuvela amaqamza ngaphezulu, ziphequle iipankeyiki.
7. Xa omabini amacala ebrawuni bugolide ziphake kunye nesiraphu.






Funda iresiphi ngocoselelo uze uphendule imibuzo malunga nayo.

Zeziphi izithako ezomileyo? Zidwelise.

| | | | |
|---|---|---|---|
| | | | |
| | | | |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 120 2019/10/21 10:55:52


# Ndibhala iresiphi yam




Masibhale

Ngoku bhala iresiphi yakho oyithandayo.

Krwela umgca kuzo zonke izenzi kwiresiphi yakho nakwiresiphi yepankeyiki.



Iresiphi ye ______________________

Izithako

| | |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |

Indlela yokwenza

| |
|---|
| |
| |
| |
| |

Izixhobo ezifunekayo

| | |
|---|---|
| | |
| | |
| | |


Masithethe

- Cacisa iresiphi ngolandelelwano oluchanekileyo eqeleni lakho.
- Mangaphi amaxesha okhe wasebenzisa ngawo amagama afana no-qhuqha no xuba?
- La magama abizwa ngokuba ziziyaleli.

phaka | gugula
fafaza | zamisa
galela | qhotsa

Jonga kwezi ziyaleli.

Zisiyalela into emasiyenze?

Ziyelelene kwizenzi.

Uyayibona iresiphi yeepankeyiki ukuba ineziyaleli?

Xa usebenzisa iresiphi kubalulekile ukuba ulandele imiyalelo ngokuchanekileyo.





XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 122 2019/10/21 10:55:55




Fumana uze ukrwele umgca phantsi kweziyaleli kwezi zivakalisi. Sele sikwenzele esokuqala.



- Lungisa izixhobo zokubhaka ezo.
- Xa uza kupheka inyama chuba itswele.
- Sebenzisa imela ebukhali ukunqunqa itswele.
- Nxiba ifaskoti xa uza kupheka.
- Hlamba iziqhamo phambi kokuba uzitye.
- Phakela abantu xa ukutya kuvuthiwe.
- Phambi kokuba uxovule, xuba izithako ezomileyo.
- Coca igumbi lokuphekela xa ugqiba ukupheka.
- Ngcamla ukutya ukuba kunjani na.
- Xa kusitsha ukutya okuphekileyo, thoba umlilo.




Sebenzisa ezi ziyaleli zilandelayo ukwenza izivakalisi.


| | |
|---|---|
| Phuma | |
| Yitya | |
| Xobula | |
| Zamisa | |
| Qhotsa | |

# Ukunika imiyalelo



Masenze

Kufike inkwenkwe entsha esikolweni sakho. Yincede ikwazi ukuhamba-hamba apha esikolweni.




Masenze

Funda inkcazelo yendlela ngocoselelo. Emva koko landela inkcazelo yendlela ukuze ufumane iindawo ezahlukileyo kule plani yesikolo ingentla. Wakube uzifumene ezi ndawo, bhala amagama azo emephini.

| | |
|---|---|
| Iklasi yeBanga lesi-4 | Yiklasi yokuqala ngasekunene kwakhe. |
| Iofisi yenqununu | Xa engena, kufuneka ajike ekhohlo. Ligumbi lesibini ngakwicala langasekunene. |
| Amagumbi angasese | Xa engene esikolweni kufuneka ajike ekhohlo. Uya kuwafumana kwigumbi lesine ngasekunene. |
| Ibala lokudlala | Xa engena makajike ekhohlo aze ahambe angene kumnyango ongasekunene. |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 124 2019/10/21 10:55:57

Umhla:




Ngoku zoba imephu yesikolo sakho.




Bhala inkcazo yendlela esuka kwigeyithi yesikolo eya eklasini yakho.



## Ukwahlula amagama




Yahlula la magama abe ngamalungu. Emva koko bhala inani lamalungu ebhokisini kwigama ngalinye. Xa sele ukwenzile oku, sebenzisa amagama ama-6 wakhe izivakalisi. Zibhale kwincwadi yakho yomsebenzi.

Qaphela ukuba onke la magama anezimamva.

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| I/nto/kazi | 3 | akafikanga | | emlanjeni | | imbana | |
| umlungukazi | | intonjana | | bayazana | | isikhukukazi | |
| etyebileyo | | umzana | | indlovukazi | | umlambokazi | |
| ezeleyo | | umzikazi | | wonwabile | | ebandayo | |
| ukhathazekile | | isibondakazi | | inkudlwana | | uyathandeka | |

UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______




XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 125 2019/10/21 10:56:01

# Ukufunda imephu



## Bahlala phi uJabu noThembi






Masibhale

Jonga kulo mfanekiso uze ufakele amagama ashiyiweyo.

1. UThembi uhlala endlwini enodonga olutyheli nophahla olu ________.
2. Ukuba uThembi ujika ekhohlo uza kuya kwikhombi e ________.
3. UJabu uhlala endlwini enophahla olu ________. Ujongene noThembi.
4. UJabu ujika ekhohlo. Emva koko ajike ________. Angathenga izi ________ apho.
5. Xa uThembi efuna ukuthenga izitampu, ujika ________ egeyithini yakhe kuba ________ ingasekunene kuye.



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 126 2019/10/21 10:56:03

# Zifumaneka phi?




Masithethe

- Ukuba ume esitulweni eklasini yakho uze ujonge phantsi ubona ntoni?
- Ukuba ume ngemva eklasini yakho ujonge eklasini, ubona ntoni?
- Ukuba ume phambi kweklasi uze ujonge eklasini, ubona ntoni?
- Zama oku

Masibhale

| Yenza uluhlu lwezinto ezili-12 eklasini kumfanekiso 1. | Ziphawule ukuba ziyabonakala kumfanekiso 2 |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |

Umfanekiso 1: Imbonakalo yangemva yeklasi.




Umfanekiso 2: Imbonakalo yeplani yeklasi



Masibhale

Jonga kule mizobo mibini uze uphendule oku kulandelayo.


Umfanekiso 1 | Umfanekiso 2

| Umzobi ebemi phi xa ebezoba lo mfanekiso? | Ngemva okanye ngaphezulu | Ngemva okanye ngaphezulu |
|---|---|---|
| Bangaphi abantwana abanokuhlala kule klasi? | | |
| Yintoni ekufutshane nefesitile? | | |
| Zingaphi iifesitile eklasini? | | |
| Zingaphi iishelufu kwikhabhathi yeencwadi? | | |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 128 2019/10/21 10:56:26

Umhla:



Masibhale

Uxelelwe ngeendidi ezininzi ezahlukileyo zezenzi kule kota. Khetha uze ufakele intsizasenzi echanekileyo kwisivakalisi ngasinye. Emva koko krwela umgca kwisenzi esingundoqo.

**Iintsizasenzi zizenzi ezincedisayo**

Zinceda isenzi esingundoqo sibenentsingiselo epheleleyo. Ziza phambi kwesenzi esingundoqo sesivakalisi.

| | | |
|---|---|---|
| se<br>sa | 1.<br>2. | Thina si ___________dlala ibhola yomnyazi.<br>Yena ___________sebenzisa ikhompyutha. |
| nga<br>nge | 3.<br>4. | Yena a ___________lala ethanda.<br>___________ndi buza ukuba kwenzeka ntoni na kodwa ndiyoyika. |
| kwa<br>ka | 5.<br>6. | Andi ___________fundi ndisasebenza.<br>I ___________lungile naleyo singayisebenzisa. |
| be<br>nge | 7.<br>8. | ___________ndithetha emnxebeni ngelaa xesha.<br>Awu ___________tsho ukuba mdala kunam. |
| ya<br>sa | 9.<br>10. | Siyaphumelela thina ___________kufunda.<br>Ba ___________bhala kule veki izayo. |
| nga<br>be | 11.<br>12. | ___________ndidlala wethu ungaqumbi.<br>Ndi ___________gqiba ukuba unokundinika imizuzwana. |





1 sa, 2 se, 3 nga, 4 nge, 5 ka, 6 kwa, 7 be, 8 nge, 9 sa, 10 ya, 11 be, 12 nga

Ngoku khetha igama libe linye kwibhokisi nganye kwezinombala uze uzakhele esakho isivakalisi.

# Ukwalathisa indlela








**Masibhale** Biyela igama elichanekileyo.

| |
|---|
| Isitalato iHadebe Street sisemantla/sisemazantsi eMandla Street. |
| Isikolo sisemantla/sisemazantsi esitalato i-Mandla Street. |
| Isibhedlele sisemantla/sisemazantsi eHadebe Street. |

Ngoku fakela impendulo echanekileyo.

| | |
|---|---|
| Isibhedlele sikwesiphi isitalato? | |
| Ipaki ikwesiphi isitalato? | |
| Isitishi sabacimi-mlilo sikwesiphi isitalato? | |
| Bhala izivakalisi ezithathu ngokuba ziphina izinto emephini. | |
| | |
| | |
| | |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 130 2019/10/21 10:56:29

Umhla:



Masiththethe

Ngoku jonga emephini kweli phepha.
Nika umhlobo wakho inkcazo yendlela eya kwiindawo ezahlukileyo. Qala qho ngendlela esuka esikolweni sakho.

*Umzekelo:*
Umbuzo: Ndiya kwindawo eziibloko ezi-4 emazantsi nebloko enye ngasentshona. Ndiya phi?
Impendulo: Kugqirha wamazinyo.






Masibhale

Funda ezi nkcazo zendlela. Fakela iindawo umntu aya kuzo kwikholam engasekunene. Sebenzisa imephu efanayo.

| | |
|---|---|
| Ndiya kwindawo eziibloko ezi-2 ukuya empuma nebloko ezimbini ngasemazantsi. | *Iposi* |
| Ndiya kwindawo eziibloko ezi-4 ukuya emazantsi nebloko ezi-3 ukuya entshona. | |
| Ndihamba iibloko ezi-3 ukuya empuma. | |
| Ndihamba iibloko ezi-3 ukuya emantla nebloko ezi-2 ngasentshona. | |
| Ndihamba iibloko ezi-2 ukuya emantla nebloko enye (1) ukuya empuma. | |
| Ndihamba iibloko ezi-2 ukuya emazantsi. | |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 131 2019/10/21 10:56:44

# 63 Ithini le resiphi


Masenze

Nombola imifanekiso ngolandelelwano oluchanekileyo ukwenza isendiwitshi.












Masibhale

Ngoku bhala iresiphi ubonise ukuba zeziphi na izithako oya kuzifuna.

## Ukwenza isendiwitshi ibhotolo yamandongomane nebhanana

### Izithako

| | |
|---|---|
| | |
| | |

Sebenzisa imifanekiso oyiphawule ngamanani ubhale indlela yokuyenza ngolandelwano oluchanekileyo.

### Ukwenza

| |
|---|
| 1 |
| 2 |
| 3 |
| 4 |
| 5 |



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 132 2019/10/21 10:56:48

Umhla:

# Yenza iminqwazi yeepenisile






| | |
|---|---|
| 1 | Sika iminqwazi yokuhombisa iipenisile kumaphepha asikiweyo emva encwadini. |
| 2 | Sika iminqwazi yokuhombisa iipenisile kwimiphetho yemigca etyebileyo yangaphandle. |
| 3 | Yisonge kwimigca enamachokoza. |
| 4 | Vula umnqwazi uze uqabe iglu. |
| 5 | Yiyeke iglu yome imizuzu embalwa. |
| 6 | Bopha umtya omhlophe osezantsi womnqwazi wepenisile ujikeleze umntla wepenisile malunga ne-1 cm ukusuka ngasentla. |
| 7 | Yibambe uyiqinise uze uncamathelise umnqwazi kwipenisile. |



## Masihlole

| Ndinako | | |
|---|---|---|
| ukufunda ingcaciso yesicatshulwa umz. itshathi yemozulu. | | |
| ukubhala isicatshulwa solwazi. | | |
| ukunika ingcaciso yebali. | | |
| ukubhala ibali. | | |
| ukubhala inkcazo yomlinganiswa. | | |
| ukufunda ndiyiqonde imfundiso yentsomi. | | |
| ukubhala intsomi. | | |
| ukusebenzisa iziphawuli. | | |
| ukunika izichazi zothelekiso ezifana nezi enkulu enkudlwana eyona inkulu. | | |
| ukusebenzisa izimelabizo zoqobo (yena, yona). | | |
| ukusebenzisa izimelabizo zezimnini (eyakho no-eyam). | | |
| ukusebenzisa izimelabizo zokukhomba (ezi no-ezo). | | |
| ukukhetha intloko nenjongosenzi kwisivakalisi. | | |
| ukunika imo echanekileyo yesenzi ukuvumelana nentloko. | | |
| ukukhetha izimaphambili ndizahlule ngokwamaceba nezisekelo. | | |
| ukunika izininzi ezichanekileyo. | | |
| ukunika izichasi ezahlukileyo zamagama. | | |
| ukusebenzisa ixesha eladlulayo. | | |
| ukusebenzisa ixesha elizayo. | | |
| ukusebenzisa ixesha langoku. | | |
| ukukhetha iindidi ezahlukileyo zezenzi, izenzi ezingundoqo, izenzi ezithatha injongosenzi, izenzi ezingathathi njongosenzi. | | |
| ukunika izenzi ezichanekileyo eziqhelekileyo. | | |
| ukukhetha izenzi zexesha elimiyo. | | |
| ukusebenzisa izenzi ezichanekileyo ezinesivumelanisi nezingenazivumelanisi. | | |
| ukusebenzisa iziyaleli ezichanekileyo | | |
| ukusebenzisa iintsizasenzi ezichanekileyo. | | |
| ukwahlula amagama abe ngamalungu. | | |

UTITSHALA: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 133 2019/10/21 10:56:51

# Masibhale incwadi





Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngebali oza kulibhala. Emva koko fakela iingcamango zakho kwesi sazobe sokucinga.




Yenza incwadi yakho. Sika iphepha elilandelayo lale ncwadi. Sika kwimigca engamachokoza. Songa iphepha emigceni. Bhala isihloko sencwadi eqweqweni/kumphandle wencwadi. Bhala igama lakho phantsi kwesihloko, kuba nguwe umbhali webali. Zoba umfanekiso eqweqweni. Ngoku bhala ibali lakho encwadini.



XHO HL Gr4 B1 TH4.indd 134 2019/10/21 10:56:59

